# E-JERUSALEM

U-HAMBELO LUKA
D. D. T. JABAVU
(UM-NGQIKA)

*Kwi si-Xeko esi-Ncwéle.*

(USHICILELO LWESIBINI.)

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.
1929.

# ISALATISO.


| | |
|---|---|
| I-ntsusa-mabandla ... ... ... | 1 |
| Elwandle ... ... ... ... | 15 |
| E England ... ... ... ... | 23 |
| E Europe ... ... ... ... | 29 |
| E Egypt ... ... ... ... | 33 |
| E Palestine ... ... ... ... | 36 |
| I Jordane ... ... ... ... | 60 |
| I Palm Sunday ... ... ... | 63 |
| I Tempile ka Solomon ... ... | 69 |
| Kwelase Galili ... ... ... | 90 |
| E-Jipete ... ... ... ... | 96 |
| E Europe ... ... ... ... | 102 |
| E Kaya ... ... ... ... | 114 |
| Ama-Solotya ... ... ... | 119 |

# INTSHAYELELO.

' Ndabona izulu elitsha nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule nolwandle aluseko. Ndaza mna, Yohane, ndawubona umzi oncwèle, i Jerusalem entsha, usihla uvela ku Tixo upuma ezulwini, ulungisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe indoda yake."

Utsho u Yohane encwadini yesi-Tyilelo 21, ivesi yokuqala. Oko kukuti izulu lizekeliswa ngendawo esemhlabeni embonweni ka Johane. I-Jerusalem le, ne Jordane, ne Nazarete zindawo ezilapa emhlabeni, apo wayekona u Yesu i Nkosi yetu. Akwaba abantu bakowetu bebenokuyiqonda lento, ziyeke ingqondo zabo ukupelela ngomzekeliso, nakubeni nawo uyimpiliso empefumlweni. Nabanina onemali ekuma £200 unokunduluka apa ayekufika kona engabùbànga, azibone ezindawo, ajike abuye, axele umbàli lo ubalisa olwake utyelelo.

Injongo yalencwadi kukunceda abantu abangayaziyo nabangayiqondiyo, i Bàibile, ukuze banga lukuhlwa zinteto zabalahlekisi abayigxekayo beteta ngento abangayaziyo, besiba bayayazi.

Sekuyiminyaka elishumi elinane ndibàla kwi *Mvo* ndibalisa ihambo ngehambo Amapepa. ezohambo selemaninzi kangangokuba angayenza nencwadi emapepa angama 400 ukuba ibiko imali yokuyishicilela. Ezohambo kudibene nazo zonke endizikumbulayo zikwi mayile ezi 105,156 ndibàla nje. Andimazi omnye um-Afrika ongaba ulikènkete kangako ihlabati nonokubalisa ngomgama ongako. Oluhambelo lukule ncwadana lolwe holide yenyanga ezintandatu endandiyicele ndayipiwa zipatamandla zika Nokoleji ukuba ndipumle emsebenzini endawungena ngomnyaka we 1915 ndawuquba ndingapumli de kwaba ngowe 1927. Kute nyakenye kwashukumisa u Rev. Max Yergan M.A., ekowabo e Melika okokuba ndinyulwe ndibe ngum-meli waba Ntsundu bom-Zantsi Afrika kwi Ngqungqutela yama Krestu ehlabatini lonke, kuncediswa nge £100 kwindleko zohambo lokuya e Jerusalem. Udaba lokuba mandiwele lufike ngocingo lwamanzi (cable) ndise Bài pakati kweminye imicimbi nezinye imfanelo; endite ezohambo andabisazi guzula ebalini lom-Ngqika elaliseliqalisile e-Mveni, zaseziba yintsusa-mabandla etshayelela elibali, icacisa apo ndisuka kona nento ebendiyenza ukuze ndinduluke.

Eligama lobu-Ngqika bubuzwe bam bokuzalwa njengoko isiko lika Ntu ikukuba

umntu ubanga ubuzwe benkosi akonza kuyo ngokukodwa xa ezalelwe kubo. Ubawo wandizalela e Qonce kwesika Tshatshu kuma Ntinde apo wayengumpakati ka Mgcawezulu. Mna nditya ilifa logaga lwake, endite nda lwela elokaya lam nenkundla yalo, ndeza namaxòba obupakati ngentsebenzo yasembusweni. Bubuye bapėhlelewa obubupakati zinkosi zakwa Ngqika u Gushipela ka Siwani wemi Dushane,no Nqabisile ka Toyise wama Gasela, kwano Mgcawezulu, liwuhlabile umhlaba ilanga entlanganisweni eyayise Ngxwalane ngomnyaka we 1922. Asikuko nokuba ndiyazidla ngobubupakati kuba ndipikisa abantu abanentetwana embi yokuti tina zimfundi sibulahlile ubuzwe betu (detribalised) sangamabungele edolopu angenanto idibeneyo nomzi obanzi osemapandleni, ibe lonto izonde umonakalo wokuba silaulwe singcandelo-mbini pofu singabantu abanye (Divide and rule). Le yenye yengozi esimelwe kuzilumkela ngelixesha lokânyo, kwanengozi ekukufa okusembizeni yokucalulana nokutiyana ngobuhlanga nobutyalike. He !

Nakubeni ezindaba zinamanqakwana okuhlekisa nokuyolisa, eyona njongo yawo inzulu: Kukufundisa ngenqubela-pambili yohlanga ngecala lentlalo, nelompefumlo, nelengqondo. Ndiyakwanela ukuba ite lonjongo yazaliseka.

Abanqwenela ingxelo ezeleyo yengqungqutela yase Jerusalem botenga ezincwadi:—"Roads to the City of God" by Basil Mathews, 1/2; "The World Mission of Christianity," 1/3; "Reports of the Jerusalem Meeting of the International Missionary Council," in eight volumes, 30/, zonke ku Secretary, Edinburgh House, 2 Eaton Gate, London, S.W. I. Malunga nezalatiso ze Bible kwihambo yase Palestina ndincedwe kunene yincwadi ka Bp. R. MacInnes D.D., wase Jerusalem eyi-"Notes for Travellers," 1/8. Apa ndenze amabal' engwe odwa ukulinganisela ubuncinane bendawo epepeni i *Mvo* nokuba lencwadana ingaxòmeki pezulu ngexabiso. Nokuyibumba lencwadi ndinceda izihlobo ezininzi ezindicelileyo ngomlomo nangokubàla ukuze ibali eli liseliba lilifa ku Ntu wonke. Bambi bacele ukuba iguqulelwe esi-Ngesini ukwenzela abangasaziyo isi-Xosa. Naleyo into ndingayizama zivuma izimeko zomntu oqeshiweyo. Imali engati izuzeke kwintengiso yalencwadi inganceda nakushicilelo lwezinye esekumzuzu zilinde ukulibona ilanga. Intoshe ikuni-ke ma-Afrika!

Ndim enkonzweni yesizwe

D. D. T. Jabavu (Um-Ngqika)

August 1928. Fort Hare, Alice, C.P.

# I-ntsusa-mabandla.

Ngenxa yobude bezihambo umpakati lo uzimisele ukwenza amabala engwe ngezinto ezifundisayo azibone kujwebevu lomjikelo awuqale ngenyanga yom-Nga kumnyaka we 1927. Umsebenzi e Kolejini ube ngonzima ekupeleni konyaka kuqeqeshwa abafundi abazakungenela imviwo ze Matriculation ne B.A., nolimo nentyilazwi, pezu kwama lungiselelo entlanganiso zombuso nezotitshala. Iholide besiyisikele ukuba siyenze e Bái waza okwenene u Nolwandle nabantwana bandulela ukuya kwa dade wetu (Mrs. Nongogo) nase Bethelsdorp kwa Zwide, wodumo lotitshala ne kriketi nabavoti. Mna ndidlule e Qonce ndasinga e Gcuwa kwi Cape & Transkei Teachers' Union sahamba nzima yingxinano yabantu sikwi kaleji eliyintolongo ngokungabi namagumbi okuhlambela kodwa safikela ezibeleni ezikulu kwelo nxowa lika Hintsa elipetwe ngu Rev. D. B. Davies namapakati ake azititshala, kupambana imoto zabantsundu zodwa, kunyakazela ititshala ezikwi 150 ngenani zikokelwe ngu Langa into ka Masiza u Makad' eneta, nogcadala luka Zwide. Ingqungqutela ipatwe ngembeko

enkulu ngu Debesana, igwangqa eliteta isi Xosa ngokungumangaliso kwaza kwasungulwa ngenteto ze Inspector no Mantyi u Frank Brownlee u Mpondo-ze-liza, u Ndlovu ayipendulwa! Ngokuhlwa yayikonsati eqolileyo ititshalakazi zakwa Gcaleka zihombe zazipikoko ngokwezase dolopini. Ukusuka apo siye e Monti kwingqungqutela yaba voti edubule intsuku zone. Leyo seyicazwe ngobucule ngu Nobála wayo into ka Sigila umfo owukonza ngenyani umzi wakowabo. Yakupela ndikwele libalele ngokulilisayo ilizwe kuloliwe wakusasa ngolwesi Bini 20th December saqala e Katikati ukubona ilizwe elinemvula kwaluhlaza sada sadlula oma Komani, Bloemfontein, Free State, Harrismith, Ladysmith sangena isina imvula e Maritzburg safika e Durban ngolwesi-Ne apo inkomo zityebise okwe ontyi ndafika sendikutshelwe imoto enkulu sisityebi se Indiya u Mr. Tyebi lowa wayendenzele isidlo ngo 1921, ama Zulu ati ngu Ngoba makosi kuba,

*Yi ngoba egob' amakosi ezizwe ze Afrika*
*Mnyang' owulekele amakosi nabanumzane nenkedama*
*Gidlabez' umuntu nge saka lika shukela!*
*Siyabulela ma-pa-kakulu, mlungiseli wabantu*
*Bavuya ngawe abadala nabantwana, vela-bahleke!*

—*Mpanza.*

Lo moto yaba zinyawo zam ngesisa ndade ndemka apo. Zabalapo ititshala ze Federation zase Orange Free State, Transvaal,

Natal, ne Cape, safikela kwi Hotele ka Charles Dube apo zonk' indleko zetu zahla-ulwa yi Municipality sivulelwe ukuba i ginger beer ne pudini siyitye sidikwe, yasi-manga kum into yokungadleki nepeni ndise dolopini kuba koma Gcuwa nase Monti sakû-tüzwa sashiyeka siyimi xwitika ngasemalini. I Reception yabase I.C.U. Hall izele ime ngo-donga, kwazola ngokwe Cawa kuba ama Zulu wona anesimilo sokungancokoli ; angezi enxilile ezisuseni ; tina yandile into yokuqala ngase nkantini xa kuyiwa entlanganisweni. Kwiziteti eziliqela kwapauleka imbongi ezi-mbini into zika Mpanza ezatsho lahloba igazi. Ikwayala ye I.C.U. yatsholoza ivuma ingoma entsha ka Caluza eti u "Solomoni ka Dinizulu" enendawo ezimnandi kanye kwi Bass, I Municipality yasikwelisa ezi motweni nako tram saboniswa yonke i Durban ne lokishi entle yakona apo sanikwa indawo ezintle zokulala ngesimahla, basiqwela ngo-kusi kwelisa esikepeni sahamba umgama onobom elwandle sikangele e Madagascar sabona o rebe namahlengesi edada ngoku-gcoba. Ndalala kuloliwe wokugoduka ngo-lwesi Hlanu, yaxinana i train gqita yimpi eya e Krismesini emakaya, icawa ndayivuma e Bloemfontein kwa Mapikela imvula isitsho kamnandi yapela e Komani ndafika lisabale-

le oko ekaya, ndehla Fort Hare nge goods train yakusasa ukutabata impahla ezitile ezifuneka kwi Lecture zase Kapa ndadlula kwalomini ndagaleleka elusatsheni lwam e Bài ndenza intsukwana edolopini kwa Nongogo saza emva koko sapumela ngapandle e Bethelsdorp kwa Mr. F. H. M. Zwide ezweni loyolo no xolo nobubele buka Mancwana (Mrs. Zwide). Kwala nge 3rd' January ndakwela kuloliwe omnandi osinga e Kapa odlula e Oudtshoorn nase Mossel Bay sagaleleka ngolwesi Ne 5th. ingu J. Fuku ondihlangabezileyo ndafikela ku Maurice Somtunzi, unyana womkuluwa ka bawo. Obobusuku ndaya e City Hall ndamamela i Cape Town Orchestra (igubu) libeta ingoma endazigqibela e London ngo 1914. Kwasa ndijikeleza izikulu ezingo Prof. T. T. Barnard, Ph. D., Chief Inspector Bennie, B.A., Rev. J. W. L. Hofmeyr, B.A., no Dr. Abdurahman ngemicimbi. Ngom Gqibelo 6th. January ndayakubonela iböla kwa Ndabeni kudlala abantsundu nabe Bala ndamangaliswa ngumpákamo womdlalo elixa kudume ukuti ikriketi ayaziwa kuyapi e Kapa. Ngokuhlwa yaba yintlanganiso yaba Voti eyayinditume e Monti.

* * *

Kwasa nge Cawe ndisiya e Athlone sayicita yonke lomini kwa Mr. & Mrs. Gladstone Bokwe no Mr. & Mrs. Joseph Nyombolo inkonzo sazingena e Dipente zombini anda kota napantsi kuba inteto isisi Bùlu. Sapateka ngobubele yonke lomini simana sidekelwa singekalambi. Ngo Mvulo zaqala i Vacation Course Lectures in Bantu Life and Languages kushumayela o Prof. Godwin, M.A., Prof. Mrs. Hoernle, M.A., Dr Lestrade, M.A., no Dr. Barnard owenza inteto nangokuhlwa. Ngolwesi Tatu yaba yimini yosizi sincwàba intombazana ka Rev. Pitwell Matshikwe. Umam-Kwayi lo wayefunda e Dikeni, wazinyaswa kunene lomsebenzi ubuhlungu, ngokuqutywa ngu Rt. Rev. Yekelo Mbali, ex-Moderator B.P.C., um-Mpemvu omhle owayeze e University naye kunye nabanye ababini abantsundu. I lecture yobobusuku yenziwa ngu Mr. G.P. Cook ecaza intlalo ye lokishi ze dolopi. Kwasa Ngolwesi Ne iyingxikela ye Concert yi Cape Peninsula Male Voioe Choir e Bethel Church lwalapo ucwambu lwe dolopu kulila isilika yodwa, wanenxaxêba nombáli lo engomeni. Ngolwesi Hlanu 13th. yazala yapupuma iholo ye University kwada kwapunyelwa kwenye indawo iyi Lecture yom Ngqika eteta nge "Bantu Literature" i chairman ingu Dr. C. T. Loram;apuma nge-

ndlu amagwanqa kuba kwakumhla ibonwayo into yokuba umdaka welilizwe wenze into eyi Lecture ngezemfundo kweloziko lo makákálala, abacòli bendaba bayicaza kwi *Cape Times* ne *Cape Argus* yomhla olandelayo. Emva kwalonteto ndacelwa zi profesa ezintatu ze Cape Town University a Prof. Eric Walker, M.A., (wodumo lwe Flag) no Prof. Arnold Plant, M.A., no Dr. Gill benamakosikazi abo ndayakutya izimuncumuncu ndihleli kwizitulo ezitofotofo emzini endingawaziyo nangoku ukuba wawupina kuba kwakusebusuku. Yaqondakala into yokuti i Social Equality le akufuneki nganto umntu ayicele ngomlomo, imza ezihlalele oko esebenzisa ubucòpô. Wacikoza walala ngombele u Dr. Loram wada wati nantsi ke indlela yokulwela uhlanga lwayo endodeni kuba asisatsho namhla ukuti le Lecture iqùbile kwisituba somntu omnyama, siti iqùbile qá! Pakati kwezi handiba ezazilapo kwakuko no Sir James Rose Innes, ex-Attorney-General owaqala ukuyibona i Palamente ngo 1884 ngokunyulwa ngumzi ontsundu e Dikeni ukokelwa ngumfi u bawo. Ngomgqibelo 14th imini ndayicitela e Simonstown ndishumayela ivoti, intlanganiso ipetwe yinto ka Makohliso exaswa ngu Mr. Baart (ititshala ekaya likwa Ngqika kowetu nesafunda nayo singabantwana) no Mr.

Mtaku i arente ye Mvo, nabanye izele indlu.

Nge cawa ndasebenza ngokomntu ohlaulwayo kuba ndashumayela kwa Mtimkulu, Ndabeni Location ngo 11 nangokuhlwa e-Hope Street. Yaludumo olukulu impumelelo yeshumi lezi tyudini ze Fort Hare kwi Matriculation umam-Tshawe (Miss Nikani) epume ne 1st Grade. Ngom Vulo yapinda eyaba voti kwa Ndabeni yazala indlu ndisenza incazo ngento eyiyo ivoti le nexabiso layo elibange ukuba kuzungulwe ukubulawa kwayo namhla. Kwapuma isihlanu sesheleni kupela apo kwacaca ukuba u-xam wapusile, umzi uyintshibakwe. Ngolwesi-Bini 17th, yaba-sidlangalala senye intlanganiso e-Reception Hall ye City Hall ndiyekuteta nge voti yetu kumagwangqa i-Chairman ingumnumzana wodumo u-Mr. Mushet epahlwe ngo Senator Stuart, Sir Colonel Stanford (u-Ndabeni), Sir Godfrey Lagden, Rt. Hon. H. Burton, ex-Minister of Railways, kwazala kwahlaliwa pantsi ngabelungu abanye bemi ngapandle kwendlu ngokuswela indawo kuko no Councillor Mrs. Walsh na Chief Inspector Bennie, kuzi Profesa ne Mantyi ne bishopu ne jaji nezinye izigwili ezingama Nationalist o-Rev. P. G. Meiring B.A., Rev. J. W. L. Hofmeyr, B.A., no Dr. Pretronella Van Heerden,

M.B., CH.B., umntu oseyi ntombi owada wanditshalenja e-ofisini yake beno Dr. Greer, umhleli wepepa lama Bülu i "Die Burger" ndapendula ubėdebėde intsuku zombini, ndaqonda ukuti abazazi kakuhle inyani zobunzima bentlalo yomzi ontsundu. Indaba zalento zapuma ngokuzeleyo kwi *Cape Times* 16th January yada i "Argus" yakupa nomfanekiso wam owatsho ndahamba ndifaniswa esitrateni nase zivenkileni ngabelungu, bavukwa lilunda abantsundu yilontsebenzo bada abanye bati ngendise ndihlala e-Kapa kanye ndingabisa goduka besitsho pofu ndibona nam ukuba izinto zizakundilu ngela kwelozwe. Ibe lusizi into yokutshabalala kwe Congress iholo itshonile yatinjwa. Ngolwesi Tatu 18th ndenzelwa ingxikela yesidlo ("At Home") ngabelungu be Society of Friends. Umhla wokugqibela ulwesi Ne 19th waba ngowesimemo kwitimiti yokubulisa u-Don unyana ka Mtimkulu; mhla ndabona uvato endalugqibela kudala. Umzi wanga sewuse zulwini kukonwaba, umfana lo wapiwa ishumi le ponti lompako wokuya e-Natal apo ayaküfundisa kona. Ndakwela ngolwesi Hlanu 20th ukubuyela elusatsheni lwam e-Bâi, ndapatiswa umpako weziqâmo ngu-Mrs. Mtimkulu ne ntlanzi enkulu epuma kum Indiya ose Claremont. Ukuhamba

kwam kwapapashwa yi *Cape Times* kwa gqobozela nakwi *Herald* yase Bài, kwa nakwi *Dispatch* yase Monti. Kute xa sise Robertson ebusuku ama kareji angasemva apuma emgaqweni alima umhlaba sashiywa ziyure ezilishumi elinambini ngesosizatu sayakufika ebusuku e Bethelsdorp apo into ka Zwide yayi seyindihlabele igusha emazinyo asibózo, sasela ngendebe endala, kanti kwa ngobobusuku owakwake uzakupiwa inzwakazi yentombi eyakutiywa ngo-Nolwandle. Ndandisendi lindwe yi-Sinodi yama Wesile e-Bài kwakulo veki.

* * *

Isinodi yama Wesile e-Bài yaquba ngomoya wotando kubo bonke abazalwana, yati igqiba ukundinyulela kwi Komfa yase Maritzburg kwafika ucingo lwamanzi oluvela ku Dr. J. R. Mott, wase New York esiti nantso imali ndiyitumele e-Lovedale, hamba uye kuyitabata ukwele ngayo uye e-Jerusalem ; olodaba lufika ndizaku kwelisa u-Nolwandle esiya e-Cradock, ukushumayela impilo ye ntsana, lwatsho yadideka intloko, kuba ndisalungiselela uhambo lwase Lusutu endandibopeleleke ngokuqinileyo kulo. Ngokuhlwa yaba yi-Reception ye Sinodi atsho kamnandi amadoda ekuteteni ; nge Cawa yazitshumayelo ezinamandla ndabona nolwamkelo lweqela lebòla elalise

Tumenteni e-Monti linika ingxelo ezipilisayo ngomdlalo, ndabuyela e-Bethelsdorp okwentsukwana ndaza ngolwesi-Tatu 1st February ndabase Lovedale ukuputuma leyomali ndadlulela e-Qonce kwi *Mvo* nase Monti ukuputuma eyama Wesile nokukangela ukuhamba kwezikepe ezi ofisini zazo, ndaya kufika e-Lusutu ngomhla we 7th ndashumayela ulimo kwintlanganiso enkulu e-Maseru ngolwesi Tatu 8th kuzimase nemantyi enkulu i-High Commissioner. Eyesibini intlanganiso yaba se-Roma ngolwesi-Ne 9th sahamba kwilizwe lemvula nendaka, incà ingange habile inkomo zibengezela ngumtyebo kutyiwa ukwindla namasi. Malanga ndasiwa Komkulu kwi Paramount Chief Griffiths ozalwa ngu-Letsie II into ka Lerothodi ozalwa ngu-Letsie I ka Moshoeshoe, I Kumkani le imi e-Matsieng ngase Morija. Umzi wake libòtwe elikulu lamatye lexabiso elimalunga nama £2,000 elihonjiswe ngapakati ngokwe ndlu yomlungu kwicala le furniture. Inkosi imfutshane ngesi tòmo, nesiqu asiyanga ndawo kodwa linono elinxiba ezintsha zodwa impahla. Embusweni wamkela i-£1,500 ngonyaka pezu kwengeniso zamasimi nezizi, kuba abe Sutu bona bazingenela bengoyiswanga ku-Vitoliya. Wandamkela ngokwenkosi nam ndipahlwe

lihlakani u-Mr. L. F. Wacher umpati wo limo. Wasivuyela umntan' omhle esiti umntu wemfundo enjengale yompakati wakwa Ngqika yeyona nkosi ngelixesha lokanyo ngokukodwa xa eze nemfundiso yolimo, impilo yo luntu lonke. Senzelwa ukutya saboniswa nezipo awazipiwa Pesheya yi-Kumkani u-Joji V. Ukusuka apo sihambe ngendlela eyenzelwe imoto zake ezintatu sadlula e-Morija sayakulala e-Maseru senze 92 miles lomini safikela pezu kwesidlangalala sedinala, salala pakati kobusuku, savuka xa kumpondozankomo ukusukela intlanganiso ese Butha-Buthe, emantloko o-Sutu ngolwesi-Hlanu 10th, kwelona lizwe lityebileyo nelibukekayo ; idinala sayitya kwa mantyi sayakulala sihambe 103 miles lomini e-Leribe kwa Lebentlele umfumbèsi wam kuba uzeke intombi ka Makiwane u-Francie ekwaba luvuyo ukumbona. Kwasa eyesine intlanganiso ndiyingenisa apo, zininzi nenkosi ezinkulu amatole ka Molapo andaziyo onke, ngokuhlwa ndenzelwa ulwamkelo isihlalo sipetwe ngu-Dr. Calvin Motebang, M.B., CH.B., (Edinburgh) owayipumelela e-Fort Hare i "Matric" beno Matthews, ingoma ipetwe ngu-Moruthane opuma kwaku Nokoleji, salala sebusangene ubusuku. Ubutongo yeyona nto ndayivinjwayo e-Lusutu ngenene ;

ngelagulayo omnye umntu. Kwasa i-Dodge Car ka Dr. Motebang nge Cawa indisa ezintabeni kweyona nkosi inenqubela e-Lusutu lonke, u-Chief Setsomi Molapo umfo wenqubela engumangaliso. Owake umzi yinzwakazi emagumbi alishumi-elinambini ehonjiswe ngobugcisa basesi lungwini ngezitena namatye uraulwe yi varanda yesamente ebomvu. Yadla £3,000 ukwenziwa ; idlule zonke ezikoyo kuba ntsundu base South Afrika ugobuhle nobunono be furniture. Yakiwe ngenzuzo yokulima qà kuba lenkosi yamkela ama £60 kupela ngonyaka, ipila zizandla nomhlaba. Imiti yake lihlati elinebôma leziqamo ezifelwe ngunina, esazitya singatunywanga, sahluta kwa oko, kanti siyibeletile, kuba ute sakubuyela endlwini wasi gixa sazinxenge kukutya. Uqale wabiza i-ti nezonka, walandela ngenyam' egusha, wati sisazi ngxala njalo wasibizela eyenkomo. Hai ! kwema ngocabanga ngoku, wamemeza amasi nomvubo etulula ngokwake efunzela, sikohliwe nokuti peza kuba sipiwa yinkosi, suka kuse njalo watuma abantu bake ukuba beze ne emele ezimbini ze pesika ukuba sitye, wagqibela nge ti. Sajika malanga sikohlwe nakuhamba, safika silindwe simemelo sedinala kwa Mr. Motebang sekuzele nabantu, kanti ndibizelwe kwenye idinala enkulu

ngokuhlwa ngu-mantyi omeme nabanye abelungu, ndalala lomhla ngo 11 ebusuku ndisisambuntsuntsu yintluta bala nobutongo.

* * *

Sivuke kwakusasa emva kwemvula enkulu ngom Mvulo, 13 Februari, sisukela intlanganiso ese Peka indawo enabalimi abarozisayo ngokwabase kaya e Xesi, ndayibona ngamehlo ema simini inqubela yabo. Emva kwedinala endiyizuze kwa mantyi walapo otanda kunene ulimo sidlulele e Teyateyaneng ngase Berea safika inkosi u Masupha ize nesihlwele esikuma 500 amahashe ndateta ebunzimeni obukulu ngenxa yempazamiso yamadoda abezitshize intungo logama bekulindwe ukufika kwetu. Sakugqiba sifunzele e Maseru senza 69 miles lomini ndafikela pezu kwedinala kwa Rev- E. Motsamai andalala kwakona ngobobusuku bokugqibela zizibele. Kuse sifunzele kwikaya lobukwenkwe bam i Morija, zavalwa zonke izikolo nesinala kwenziwa isihiniha sentlanganiso etyalikeni endateta iyure zombini, ndabungezelwa yinto eninzi yabantu abandazi ndikwelo ngo 1899. Idinala sayitya ne Principal e sinaleni sedlulela e Mafeteng 50 miles ukupuma e Maseru, safika sekudala silindiwe yingadlumakazi ye ntlanganiso yokugqibela, eyesibòzo kuba ngenxa yokusukela uwelo lokuya e Jerusalem ndazishiyela okwe-

linye ituba ezase Quthing nase Mohalies' Hoek. Mayola yancamisa le intlangano ngenxa yokukauleza kwengqondo zaba pulapuli entetweni njenga balimi aba qubileyo naba fundileyo ndaye ndincedwa nali tamsanqa letoliki epapileyo kuzo zonke ezelo lizwe, eyatolika yom' impondo, ke wena! Ukusuka apo ndaqeshelwa i moto yokundisa e Bloemfontein umgama oma 95 e maile ngobusuku ukusukela uloliwe oya e Kapa yaye imvula isijamele ngapambili kubaneka izipango eziliqela sizakuwela imilambo emihlanu etandwa zizikùkula ele kwe Wepener ne Dewetsdorp, mhla ndatandaza ndalila kulo moto kuba umqubi inkunzi ye Bùlu, wayezipatele ibòtile enkulu yompako we rhanqa emana ukumisa kwanti kulo ntsunguzi yobusuku ezitshiza. Safika emibini imilambo iqala ukuzalisa sawela ngama-bona-ndenzile kuyo, yatyityimba eludakeni kwalumeza i moto, i Chevrolet kodwa yanam iminyanya yakowetu kuba safika e Bloemfontein Station ngo 12 kwesika bàdakazi ndenze 144 miles lomini, koko andabi nakulala ndisoyika ukuselwa ndiposwe yi train ka 7 kusasa, nomzimba ungasavumi emva kwe 425 miles ze moto e Lusutu, ndase ndilala lomini yonke yolwesi Tatu nobusuku bayo kuloliwe sangena e Kapa ntambama ngolwesi Ne, 16th, kuze esitishini

izihlobo o Mr. Somtunzi, Mr. Tomeli, Misses Kente, Kwaza, Tyala, Rev. P. F. Williams, Rev. A. Mtimkulu, nabanye. I Komiti yam yase Kapa e Nobála ingu Chief S. E. Gaika yandenzela intlanganiso yokundibulisa ngokuhlwa kwa Ndabeni yatsho kwa sitá kuteta into zo Theophilus Masholo owaposa i 10/- lompako, nabanye ababeta nganeno, iyonke lomali yenza £2 15/- pezu kwe £1 5/- yase Lusutu ne 2/- ka B. B. Mdledle e Lovedale ne 8/- yomninawa u Mac, idibene yenza £4 10/- eyalata utando lwama Afrika neminqweno emihle koluhambo. Kwasa ndileqeka yimicimbi ye Passport kwa Rulumente netikiti yesikepe nezinye izinto.

---

## Elwandle.

Esikepeni ngo 3 ndikweliswe liqela elimandi lamafa-na-nkosi akwa Ndabeni nase dolopini nase Flakeni endingeze ndilifeze ngama gama kuba inkoliso ndiyazi ngobuso kupela, kodwa bandonwabisa kanye ngobuko babo kuba akuko nto ibuhlungu elwandle njengokungabi nabani ukubulisayo xa bonke abanye bebuliswa zezabo izihlobo. Ite yakunduluka

ngo 4 p.m. i Armadale Castle umkângo omhle wenqanawa yaduma impi yam ngesi Sutu ikokelwa ngu Rev. Mr. Matodlana yati "Ho be khotso, khotso; Pula. Pula! oko kukuti makube luxolo, kube yimvula! yimvula! Yeka-ke ndatshonela kulo manzi agqumayo nanzongonzongo ke mfondini. Pakati enqa naweni ndifike kuko inkwenkwana yase Matatiela epumelele u standard 6 isiya kufundela ubugqweta e England, ndeva ndibetwa lusizi zindleko ezizakwenziwa pezu kwake logama azakufundela i Matriculation abe nokuyi fumana kwakweli lizwe, koko kunxàme amabòngo abazali. Iyancomeka kakulu pofu indlela ama Afrika azinikele ngayo emfundweni kuba kufuneka inyilikityâwe yama gqweta namagqira etu ukuze i Afrika ipakame. Yaba luvuyo ndakubona kwi "Cape Times" okokuba bayipumelele i B.A. o Don Mtimkulu (Cape Town) no Benjamin Mahlasela (Idutywa) no Gertrude Ntlabati (Hackney) abantwana bam e Fort Hare, wazibalula u Mam-Nguni ngokuba liledi lokuqala kuma Afrika lokuzuzana ne British Degree engatandabuzekiyo kulo lonke i hlabati. Awu! Zipina imbòngi namhla! ! Lempumelelo ingumangaliso iyakutsho zitshitshe unapakade inkani zokokuba ubucopo bomXosa buyoyiswa zincwadi zomlungu.

* * *

Ukuza kuti-ga ekukweleni enqanaweni oko zavalwayo izikolo umgama endiwu hambileyo uwonke ngama 5,978 e maile into epantse yafana nokuya e England kuba isituba sokusuka e Kapa kuse e Southampton ngama 5,987. Ngosuku lokuqala sihambe ama 334 saya kulungelelana nomda odlula e Bloemfontein. Nge Cawa, 19th February, senze ama 384 samalunga nesituba esipakati kwe Pretoria ne Pietersburg. Namhlanje ndibàla nje, 20th February senze 380 sakwi banga elipakati ko Bulawayo ne Victoria Falls ze Zambesi. Kucacile ukuba ulwandle yeyona holide yenene kuba ndilala ubusuku nemini apa ndipazamise ngokutya nokufunda nokubàla, ndisenzelelela eziya ntsuku ndaposana nobutongo zihambo nezisusa zase mhlabeni. Apa esikepeni kudlalwa nebòla, zilapa nevenkile nenkanti, nehospitile, nentolongo namancwába, akukonto ingekoyo; ukutya yindyebo apo umntu avulelwe ukuba ambönzeleke kude kulandule isisu! Into embana kuku kúmbula usapo lwam endalushiya ngesikàu ndinga bulisanga kakuhle. Senditutuzelwa kubona emapepeni inqubo entle ka Nolwandle e Cradock nase Pearston. Ngomhla 21st senze 378 sakwi ndawo eyalata i Livingstonia e Nyasa, ikaya lomfo omkulu u Kadali. Pezolo ndibongozwe liqela lama

nenekazi ukuba ndilibetele i piyane ndacinga esezolo ekubuyeni e England mhla lonto yandi dalela isaqunge kwaxatyanwa ngam i veki yonke. Ndandi seyimambane ngoko. Ngoku ndiqondwa nange zimvi entloko ukuti ndizinzile ebomini sendinosapo. Namhla, 22nd, sihambe 378 miles sajongana nendawo ekwi ncam engezantsi ye dike le Tanganyika. Ubushushu bubandezile kuba sesi kufupi nomgca-mbindini (Equator), zininzi nentlanzana ezipapa ngokwe nkonjane pezu kwa manzi. Namhla, 23rd senze 371 miles safika ngentla kwe cwèba le Congo River. Ilanga lime nqo ebucotsheni ngo 12 emini laye litsho ngesi futu-futu ubushushu. Otitshala abafundisa i Geography mabapaule ukuti sikwindawo elikuyo kanye ilanga ngoku njengokuba labuya ngo December e Tropic of Capricorn li buyela kwi equator lizakudlulela kwi Tropic of Cancer ebusika kuti. Indawo esihamba kuyo zoyifumana ngokwenza umgca osuka e Kapa uye Cape Verde apo umbombò wetu ugqale kona oko sapumayo. Namhla, 24th sigqibe 381 miles; siyigqibile iveki sisemanzini, siwuwele emini ngo 10 oclock umda we Equator, asalala pezolo sibile singama sele ezibedini bubushushu. Ngoku sikwi Northern Hemisphere, sijonge ingqwiniba ye Liberia, pofu mdeni mnye namazwe e Kenya, Ganda.

Zitatu kupela izikepe esipambene nazo zisiya e Kapa sizibonela kude ngomsi nesibili sodwa, esinye ibiyi mail boat "Edinburgh Castle" esidlule ngolwesi Tatu ndatumela ngaso umyalezo we *wireless* ku Nolwandle ekaya, lonto yadla i 5/-. Yonke into apa idulu, ukuqesha isitulo esiyi Deck Chair zi 5/- ngohambo, mna ndazinceda ngokuzitengela esam kwase Kapa, umzi apa uyirole uhlininika lomali; necuba eli le 9d, apa yindaliso; ukunqutula inwele ndidliwe i 2/-; ukuyinqabisa ebankini imali yam apa kumgcini ndyebo ndibizwe 3/-, ukanti ezona ndleko zimhla safika emhlabeni, mfondini, apo bazakutsho ipume ngempumlo (pay through the nose) ngabula ma Ngesi. Namhlanje amanzi ayaxela ukuba asikude emhlabeni aburelerele njengawonxweme awafani nawangase St. Helena apo amnyama ngokwe inki kuba ubunzulu benzonzobila apo buzi mayile ezintlanu. Amagwangqa amana esiza futi ukundipanda ukuba ndingubanina amanye esiti kutiwa ndiligqira. Namhlanje 25th Feb sixambule 368 miles sagudlana necala le Liberia ngase Monrovia apo kupete abantu abamnyama. Ngahlamb' ezantsi kwabo! Isimanga esikoyo zindaba ezifika nge Wireless yonke lemihla zixela indaba zenqubo yasemhlabeni kulo lonke ihlabati. Malanga nje kusweleke apa esikepeni ixego lomatiloshe

eluminyaka ikuma 70 ebeliseligoduselwa ukuba lipelele ekaya sisifo somhlaza (Cancer), suka lalala umbete itshoba ngo 2 emini. Incwàba lingomso emanzini. Namhla yi Cawa 26 Feb okwenene sivuke ngonyezi, isidumbu salomfo satandelwa nentsimbi ezinzima watungelwa esinxòtyeni se seyile wagityiselwa ngokwe-gada elwandle emva kwenkonzo emfutshane ingemanga nenqanawa. Lento itsho ukufa koyikeka ngokukodwa. Sikumhlaba wase French Guinea omgceni mnye ne Abyssinia ekubeni sihambe 367 miles sisukela i Bathurst yase Gambia. Intaka zomhlaba sezibuye, zako, impundulu (sea-gulls). Inkonzo ye Cawa ibipetwe yi Captain yenza imibedesho yodwa akwabiko ntshumayelo.

* * *

Ngom-Vulo 27 Feb. sidade 351 miles saya-kuti nqo nge Bathurst yase Gambia salishiya ngemva ibandezi lobushushu sabuyela eku-nxibeni impahla zobusika. Sive Namhlanje ukuba kanti kulenqanawa kulayishwe inkata ezima 28 ze golide ebàlwe igama lesityebi sase London, ixabiso sigidi seponti, yaye ilindwe ngamapolisa omatiloshe lotyesi ifa-kwe kuyo. Ngolwesi Bini 28 Feb. siqakate 355 miles sema nge Cape Blanco mdeni-mnye ne Mecca yama Slamsi e Arabia. Kuse ngo-lwesi Tatu 29 Feb. siqala ukubona umhlaba

neziqiti ze Canary ne Teneriffe esicande kanye pakati kwazo pofu asemisa, ekubeni sintyuntye 356 miles ukususela izolo. Siqonde apa ukuti abelungu aba zilumko ezincamisileyo kuba tina lamanzi silala sivuka kuwo lemihla ayafana, akuko nantaba sinokungqina ngayo umgama esiwuhambileyo kanti bona indlela abayiposisi. Ngolwesi Ne 1 March sivuswe ngo busuku benkuku zokuqala ukuba sibone izibane ze dolopu ye Madeira sisekumgama wama 20 emaile, Yo! yanga yi paradesi ubuhle kuba ikumgca (latitude) omnye ne Jerusalem engcwele kakade. Singene ngoms' obomvu ka 6 a.m. sihambe 287 miles, kwanyakazela kwangoko amapenyane nezikitshana nodokolwane abatwele abasebenzi bohlanga olunteto singayazanga, isi Pùtukezi, belayisha imifino namanzi neziqamo nezitulo ezihle ezilukwe ngentswazi, abanye bezokurweba kuti ngofani-ngofani bamajikazi nesilika, nenqawa nencaza njalo njalo. Ngomrumo we 10/- sikwele udokolwane sehliswa elwagcibeni apo besesi lindwe zimoto ezisijikelezise yonke lodolopu yase Funchal ezitalato zigangatwe ngembokotwe zamatye angqukuva olwandle, onke amagama evenkile nezaziso zibàlwe ngenkinga yesi Pùtukezi. Amadindala ngala azisu zikulu kanye kuhlekiswa ngawo kwi Bioscopes. Abantu besisi-

qiti kutiwa bangama 200,000, oko kukuti bangangabase Rautini ukutabatela e Springs kuse e Randfontein. Imoto yinkungu nelanga, nehotele zeziqubileyo apo kuhlokoma amagubu umntu ebizela ngapa nangapa efuna imali qa kuba lilizwe lenkembenca zamahlwempu noko lihanjelwa futi zizinonopu zase England ngokucita iholide. Lento inkomo iyasetyenziswa apa kakulu ekutsaleni isileyi, nenkabi enye inesileyi sayo nedyokwe, ufike itsala impahla enzima iyodwa. Kutiwa nasemasimini ilima igqibe inkabi inye apa. Azi bapina o Nkanishe ababehlala bempikisa u East ekaya xa wayeshumayela ulimiso lwenkabi eyodwa ekuhlakuleni ? Sijike ngo 10.30 yanduluka i Armadale Castle ngo 11 seyitabate ama 80 abanye abahambi yaseyiqubisana kwa oko nomoya omkulu opuma e Gibraltar, amanzi agquma ngokwesilo, sadlōkova ke mfondini isikepe somlungu kwagula umntu kwa oko yangamatyadidi ukukûpâ kwa bantu, kunjalonje akukônto ilusizi enkangelekweni njengomlungu egula sisifo solwandle, ndingasateti kona ngomlungukazi —yena wotsho nobuso obu bushwabane bube yi ntshwakuxa. Silele kobobu dididi wena, nam ndaqala ukuba ndiputêlwe butongo ubusuku bonke. Kuse ngolwesi Hlanu 2 March sikangelene ne Cape Vincent saba

siyaqala ukuyishiya ngemva mpela i Afrika ngokuwudlula umda we Tunis eyona ncakam yayo iyimpobole kwi Mediterranean Sea. Sidubule 355 miles, kwasa ngom Gqibelo 3 March siyalata ngasekunene i Lisbon sisukela i Cape Finisterre eyekusingenisa e Bay of Biscay emini emaqanda sinyatele 366 miles, safika pofu luzolile olulwandle ludume ngoburalarume, kodwa kusina imvula ehamba nengqele enkulu yase busika. Nge Cawa 4th ibe ngama xapetshu ukulungisa impahla kuba ilusuku lokugqibela umpati sikepe esiti uhambo loba ngama 5992 emaile lulonke.

---

## E England.

Okwenene inqanawa ime ebusuku yalinda ukusa ecwebeni lase Southampton ngem Vulo 5 March, yangumcimbi omde ukuhla, kuhlolwa impahla esiyipeteyo. Ujujuju wenze iyure ezimbini qa ukuqakata loma 80 emaile ilanga litsho kamnandi, sabona ulimo olusimanga lwamahashe umlimi ecokisa engashiyi ne venakile ka Hom ! ade apantse ukulifaka ikúba napantsi kocingo. Kuzo zonke izindlu abafazi balima yonke indawana enoku ngena

umhlakulo eyadini. Sifike e London ngo 11 kuyintsunguzi yomfankungu (fog) etsho kwase busuku, ilanga lifana nenyanga epakati emafini, kulayitwe nge gesi kwaye kuquma imililo ngenxa yengqele yobusika. Indawo yokuqala endiye kuyo yi Edinburgh House ikomkulu labahambisi be Vangeli ezizweni. Ndahlelwa yinto ehlekise abantu bapantsa bagula ngento eyenziwe lixego ebelindivulele umnyango landibuza igama lam, lati kanti alivanga ncam layakuti kumninimzi ngapakati. " Please, Sir, Mr. Jehova has come from South Africa and is going to Jerusalem " ! Ndaqonda ngesitonga sesambatlanya sentsini ukuba iko lento icubule abantu ngapakati. Ukusuka apo ndijikeleze kakulu ndifuna indawo yokufikela ezihlotyeni endazigqibela ngo 1914, ndafika i London sendingasayazi, izakiwo ziguqulwe kunene, ndabila ndalinqugwala kulahleka, ndimana ukuduka ngokomparwa ongazange wayibona idolopu. Umnu. P. P. Pahlana andabinakumbona kuba wayese hospitili enyanga ntatu ngumnwe ongenwe yi tyefu egazini, pofu u Xaba lo wabonisa ububele bokundibalela incwadi, watumela ucwenene wesipo se umbrella yelolizwe lemvula wanga uyazi ukuti andinayo kakade, watumela nemali engange 30/- okunceda entlalweni, ububele endingasoze ndibulibale

kuba indleko zapesheya ziqata kanye. Lomhla ndafika, intlalo yam yadla £2 4/-, kwasa idla £1 1/-, kwasa izi 9/8, kwalandela nge £2-7-6 roqo njalo, kwacaca ukuti ndiyakulala entolongweni kamsinya zintswelo ukuba ndigqitisile ukuhlala kwa Nozimanga. Eyona mbângi kukudula kokutya oko yanyuswayo imivuzo yaba sebenzi. Inkuku le siyitenga nge sheleni e-Afrika zi 7/6 e England, beef 1/6 a lb. njalo njalo. Zaye nezi hlobo endandiqele ukufikela kuzo sezatshaba o Mr. North, Mr. Wale, Dr. Fox, Dr. Taylor, Mr. Holmden, ekude kwa bûbâ no A. O. Delo-Dosumu endayipumelela naye i B.A. no G. Debayo Agbebi, B.SC., A.M.I.C.E. Bambi bafuduka kwindawo ababe kuzo, ndafika nezozitrata babe kuzo seza dilizwa, kumi zindlu zimbi ndaye ndifike ndingaziwa mntu kakade, ndayimpabanga mpela.

* * *

Besendilibele ukuti nge Cawa, March 4th sahamba 378 miles saza sayaku melana ne Cape Ushant, sangena e-Southampton senze 203 miles ukuze ihambo yokusuka e-Kapa ibe ngama 5992 emayile. Bendisati ke asibonananga no Pahlana keba wayese hospitili pofu ecâcâ, kodwa, izenzo zake yazezomntu opile ngoko mqâtu ezintangeni. Into eyanditsalisa nzima yeyokuba imali yase South Africa

le ino Zuid Afrika wesi Bùlu ayifunwa mpela e-London, kufunwa ezotywe ngesi-Ngesi kupela yaye ingumcimbi ukuyananisa kuba zikude ibanki zabananisi zaye zixùzula kanobom ngalontsebenzo. Indawo yokulala ndayizuza sekuhlwile, isilili 5/6, i-breakfast 2/-. Ndive ngendaba ukuti u Yergan nosapo lwake bapakati komzi, koko umke ekuseni wasinga e-Geneva (Switzerland) esukela i-Komiti yake elapo. Ndiye kwiziko le Students' Christian Association ndabonana nezityudini zase West Africa ezindibungezele kunene, ndafumana nezimemo eziliqela. Ngolwesi-Bini 6th March ndifudukele kwesinye isilili esibiza 4/- naso ndasifumana nzima sekusebusuku kubonakala ukuba ndizakulala ezitrateni ngokuswela indawo. Ngolwesi-Tatu 7th March ndide ndamfumana u-Dr. Kusanu Carter endamshiya efundela ubugqira ngo 1914 wada wapumelela wazeka umntu onwele zinde akabi sagodukela e-Sierra Leone. Ndaqala ukucombuluka ingqambù luvuyo lokubona umntu endimaziyo. Malanga ndaya emapandleni ndahambela um-Afrika, u-Chief Albert Makaula, inkosi yama-Bàca, eyazeka onwele zinde nayo, ndafika selelixego umhlekazi, intliziyo yake inxubele e-Mzimvubu koko kunqabe intsiba. Kuse ngolwesi-Ne 8th March ndisinga e-Birmingham (112 miles)

kwikaya letu no-Nolwandle ndafikela ezibeleni ezingatetekiyo zabantu abaninzi endibaziyo. Ndibe ntsuku ntlanu kwelo kodwa ndabulawa yingqele engumangaliso kusiwa iliqwà (snow) yonke imihla kumtyibilizi nokuhamba ezitrateni, kuvutuza umoya ogqoboza idyasi zonke ngokubanda, otsho kucàcàtèke indlati imini yonke—bafondini! ndagodola ndasi sankwankwa, ndakumbula e-Afrika. Pakati kwezo ngqele andiyekanga ukuhamba esitubeni ngo tram ne bàsi, nololiwe ndifunwa ngapa nangapa ndisenzelwa intlanganiso yokubalisa ngenqubo yase Afrika. Ngenəne abelungu bapesheya bafuna kakulu ukuyazi intlalo yetu. Kwabako inenekazi elatı lakuva ukuba umna uko e-Birmingham lahamba umgama omde wokusuka e-Liverpool ngendleko ezinobom ukuza kucela incazelo ngobume betyalike zopumo e-Afrika. Yangumcimbi obalulekileyo lowo kulo. Ndibuyele e-London ngolwesi-Bini 13th March ndafika ndilindwe sisicumbà sencwadi ezijikwe ngu-Nolwandle ekaya, yako ne Mvo yomhleli we *African World*, umhlobo omkulu womfi u-bawo ode wapapasha umfanekiso wam epepeni lake wandenzela nembeko zokubonana nabantu abakulu base London. Ngelituba ndandisī nxoshanxosha ngamalungiselelo okudlulela

e-Jerusalem, ndigqobà i-ofisi nge ofisi. Emini ndihanjelwe lugcadalala lwentokazi yase Afrika, u-Princess Miss Irene Makaula, umntwana wenkosi le besenditetile ngayo. Lufafakazi olupaya elumlomo nezidlele ziqatywe nge inki ebomvu, enxibe eziqelezelayo kuba yi *Actress* (umntu opila ngokuvuma eziholweni) into eyatsho ndanxàmela ukungcangcazela kuba intokazi le ngumlungukazi qwa ngebala, pofu ezidla kakulu ngobuzwe bake. U-Mam-Tshawe lo wandenzela imbeko ebonisa ukungalilibali izwe lokuzalwa. Idinala sayitya kwenye ye hotele ezipambili amagwangqa asibukela ada adinwa amehlo, ndacinga izibongo zika Dr. Rubusana eziti :—

*Mfene zandakel' umkanya !*
*Ndada andayazi neyona*
*Indondele ngapezu kwezinye !*

Ukusuka apa ndingene endleleni yokuya kwelama Juda, itikiti zendlela nditabate ezona zitshipu kodwa indleko zayintabalala iseyintyunkula ezakufuneka ukuya kukwela nokuhla ezitrenini, ezikèpeni, ezihotele, ikèbù, amacuba engxungxu ezitwala impahla, iṙafu zamacweba njalo-njalo. Bafondini. Asiyondlwana iyaneta ukuhamba emazweni entlanga. Indoda kufuneka izixòbise ngokuqinileyo ngecala le ntsimbi.

Manditi apa u-Pahlana ubuye wandibálela wandifumbatisa i-10/-. Nangomso, Xaba!

*Wena wasema-Hlubini!*
*Anzipo zimnyama ku 'qwayana*
*Andlebe zintle zombini!!*
*Azidlelana zinga zingangiwa!!!*

---

# E-Europe.

Okunene ndikwele e-Victoria Station (London) ngo 8 p.m. i-ŕafu yempahla ezityesana ezimbini ehamba e-vanini iye e-Trieste (Italy) yaba ngama 30/6. Singene enqanaweni enqamla i-English Channel ulwandle lwesibini koluhambo; isukae-Newhaven (England) isetule e-Dieppe (France) ngo 2 pakati kobusuku. Besinama Afrika amnyama angasaziyo isi Ngesi, ateta isi Frentshi sodwa kuba ikaya lise French Cameroons. Isi Ngesi andibuyanga ndisive unangoku (kuba elinqaku ndilibála e-Trieste entla kwe Greece.) Uloliwe ungene e-Paris kusasa nge búlakufesi ndafika yonke into yahlukile kweyase London, kwanzima ekuteteni kuba isi French endandisazi ekufundeni i-B.A., sesipumile entloko, sendifumana ndiqotoza ngokwe sitiyatiya seqaba lizama ukukúmsha!

E France yayawa goqululwa impahla yetu yonke ngamapolisa afuna abatwele amacuba notywala nemipu, ingqele yenze into yanye ngecala layo. Ekubeni besi yure ntatu emanzini senze ezintlanu ngololiwe ukungena e-Paris ikomkulu lama Frentshi, idolopu entle enabantu abakwi 5,000,000 (izigidi ezihlanu !) apo umntu omnyama atandwayo ngabelungu. Sitatwe apo yi Continental Express ebaleka ngokungati iyapàpà yaye ingati ikubeke elityeni ingatsho sibe yintlama sonke, sadlula e Laroche nase Dijon sayaku ngena ebusuku e Lusutu (Switzerland) apo ikėpu liwambàtise ngengubo emhlope wonke umhlaba, ingqele iteta isiti "*Ndiko madoda* !." Isitishi somda (frontier) i Vallorbe sinyakazele kwangoko ngamapolisa axobe imipu nesabile ezoyikekayo ememeza ebiza i Passport zetu. Silishiye ngasekunene idike le Geneva sanyatela e Lausanne edume nge nkomfa yaba Fundisi, nase Brigue sayakungena ekuseni e Domodossola umda we Italy apo amapolisa ama Taliyana nawo asivusa ngetshoba ebiza i Passports ngamagunya oyikekayo ka Mussolini sayakungena malanga e Milano nase Verona nase Venice umzi ozitrata zihanjwa ngama penyane e Gondola kuba umi emanzini wonke lomzi. Ndiwujikeleze kunene ngezo yure zomlindo nditenga intwana-

ntwana ezivenkileni, nditeta ngezandla, sati sakudlula apo ndafikelwa ngamantombazana amabini ama Taliyane ayiqabe bomvu imilomo kuba ndifike ilisiko lonto kulo lonke pesheya ; saxakana ngenteto kuba eyawo andiyazi, nawo eyam awayazi ada emka singavananga njalo, kwesosintsompoti. Andishiya engati ati sisiqihela esi, akuko ngqondo. Singene sekuhlwile e Trieste (1,064 miles from London) isixeko esinga nge Kapa ubukulu, ingqele yenze into yanye oko sipume e London. Imfuduko yokuya esikepeni noko besimi emva kwesitishi ibe zi 15s. ndaqala ukuzuza ubutongo. Sinduluke nge dinala sehla nge Adriatic Sea, ulwandle lwesitatu koluhambo, ngomhla 17 March ngesikepe sama Taliyane apo i Colour Bar ingaziwayo nangegama, kuxinene ngabantu, kwelam igumbi singamadoda alitoba akòlise ngama Juda nama Jamani iyinkohla ukuncokola yile Bàbeli yenteto, pofu sitandana ngompùnga. Ubuninzi babantu ingama binqa, yankulu intsini kuwo xa sincokola ngezandla nalontwana yesi Frentshi ndiyikumbulayo. Isimanga kwezizizwe kukuba abantu base tyini abahlulahlulwa kuyapi ezindlini zokuhlamba into endimane ukuyotuka mna mntu wasema-Ngesini. Ngecala lokupèka ayoyiswa mpela ama Ngesi zezintlanga, ndaye ndisitya

izinto endingazaziyo namhla kuba yonke into ibàlwe ngesi Taliyane epepeni le *Menu*. Idinala yi Colazione, isopu nazi : Spaghetti palomodoro, Consumato, di pastina, Taglierini alla bolognese, zuppa d'uova filate, Maccheroni ; inyama yi Petto di viletto farcito, Trancio di pesce fritto, manzo spiccato, spallato glasato ; imifuno yi palate arroste, legumi assortiti, insalata mista ; i sopolo yi Pranzo. Yonke ke lonto iyatyeka nqi, ngokukodwa into apa abayenza ngengqolowa ibe yimi tyululu emhlope ene cheese, eti yakutshizwa nge tyuwa—yekka ! Ulwandle lona lulwe yonke indlela. Ekubeni ngentla kwetu ibi yi Austria ne Hungary, siyishiye ngase kohlo idolopu yase Fiume yamadabi amakulu entlekele yama Jamani sahamba silibona elase Jugo Slavia elaliyi Servia kudala apo yaqaleka kona imfazwe yama Jamani. Nge Cawa 18 March simise e Brindisi (Italy) salayisha iposi nabantu, sehla njalo nge Adriatic Sea ngase kohlo iyi Albania ne Greece, sayibonela kude i Mount Olympus ngase Athens, sanyatela umkondo ka Paulosi Ongcwele apo wayesa pùkelwa zinqanawa ehambisa i Vangeli ; sidlule ngom Vulo 19 March sangena e Mediterranean Sea ulwandle lwesine koluhambo, e Crete ese Candia zimhlope intaba likepu, nomoya ovela kona ungqina lonto.

# E Egypt.

Siye sangena malanga ngolwesi Bini 20 March e Alexandria yase Jipete apo ndilibàlela kona elinqaku, isinanabesha sedolopu ebantu bakuma 500,000, oko kukuti ingabadibanisa bonke abase Rautini, nase Kapa, nase Blomfanteni, nase Tekwini, nase Bài nase Qonce iboyise ngobuninzi! Kulapo zifele kona zonke intlanga ama Arabi, ama Slamsi, ama Taliyane, ama Putukezi nama Frentshi into ongafika kubàlwe ngelwimi ezintatu yonke into e Post Office nakwi venkile ne Bioscope. Nalapa i Colour Bar ayaziwa mntu, yimali kupela into efunwayo; hayi ke yona umntu uyibiza ade alile inyembezi; nomntu ungamtenga isiqu kulamazwe oko unencence epokotini. Ezi hotele ndisiwe kweyodidi olupambili i Hotel Canal-de-Suez apo ndidleke i ponti ngemini ngentsuku ezimbini ndilapa; kwi Bioscope pezolo ndi fakwe njalo pakati kwabe lungu akwabiko mntu undotukayo nonditukayo njengoko bekuyaba njalo ekaya. Ivenkile zinkulu, zintle, kubaleka imoto no tram, zininzi ne cab zamahashe. Ezi ofisini ndixatyiswe njenge njinga; ngalinye ndingati ndagqibela ekaya ukupatwa dlaka-dlaka. Abase England

abelungu yimibuna ngokwezimvu isimilo sentobeko, ama Frentshi ade agqitise akuwole. Zimbini izinto endingavumiyo ukuziqela apa Pesheya kukutshaya kwabafazi i cigarettes nokubinqela pezulu nakumaxegokazi anemibimbi ebusweni. Ngenene intlambuluko yama Yerepe ibuyela esiqabeni setu apo kutshaywa ngenqawa ezinde kunxitywe okona kuncinane emzimbeni. Into encomeka kakulu ekuboneni kwam lulimo lwama Frentshi, ukucokisa noku pinda-pinda ukugelesha, ukutènwa kwemiti ngeyona ndlela ivelisa iziqamo, ndaba ncoma ukomelela noku kùtala abafazi besebenza ema simini ngama hashe pantsi kwe ngqele ezoyikekayo. Lento ukutya iya setyenzelwa kulamazwe, into ongafika izi Restaurants (i hotele zokutya) zodwa e London, e Italy ibe zinkanti ze veyini zodwa kuba utywala apa butshipu, buselwa isi twanga-twanga ke wena ngabantu bakona, nam ndilandula ndilandule ndibu nunuswa. Ngendisendi sityambele senxila ukuba bendingelo Tempile. Nalapa e Alexandria ikwa yilonto kuma Yerepe kuba abaka Mahomede bona bavalelwe etywaleni yingqobòko yabo. Akwaba nati ma Krestu sasenzelwe umteto okwanjalo yaba isindile kwi rhanqa inyakanyaka yamadoda esilahlekileyo ebitembisa.

Izinxibo zama Jipete zilokwe okanye yimibinqo naku madoda, amanye atsho ngento ebubulukwe enobunkontyo bengwatyu. Umbala wesisizwe ngowama Lawu, zimpinza nje abantu abamnyama nabo ibe ngama Sudani ngemveli. Sinduluke e Alexandria ntambama 3 p.m. ngo lwesi Ne 22nd March ngololiwe ojonge e Cairo ezantsi, ilizwe liluhlaza yi habile elinywe ngoncencesho lwezibaxa ze Nile kuba azinakubalwa ngangobuninzi bazo. Inqu Nile siyiwele ukutshona kwelanga ngeblorokazi ende kunene engati ingayipinda kabini eyase Bethulie amanzi wona emancinane engangawe Gqili kuba imvula zinge kabiko. I Suez Canal ulwandle lwesi-ne koluhambo, edibanisa ulwandle olubomvu nolwe Mediterranean Sea siyiwele ngesikepe ebusuku ngo 10 samisa iyure zombini kuhluzwa impahla yetu kuba ngumda lo ongena e Palestine sayawa rafiswa nzima. Ukudlula apa uhambo lube nzima mpela ngenxa yengxinano nengqele abanye bemi ngenyawo iyure ezilitoba singati sikwele ku mbombela noko iyi second class.

# E-Palestine.

Ekuseni silibone kakuhle izwe lom Sindisi wetu elimhlope ngokwe kalika, sabona imihlambi ye nkamela nembòngolo zilayishe impahla, zimbi zingamaqegu abahambi, ulimo luqutywa nge puluwa zemiti ezidlula no 75 ngobukulu nobugadalala. Into ebembi kum kukungapili lumfixane nesifuba nokudinwa luhambo. Ummo welizwe uyelele kakulu kwelase Nxuba nelase Rafu ngemixauka namatye, waye unyuka nzima nje ngaselu-Ndini olungase Sterkstroom ukusinga e Zione. Singene e Jerusalem ngo 9 kusasa sekunyakazela ngabasiputumileyo nabe foto ne Bioscope. Sigalelwe e hotele ekutiwa yi Notre Dame yama Katolika satsalwa £1 5/- okolosuku lunye ndalala kwa oko ngumkuhlane kwada kwangum Gqibelo 24 March ndavuka ngokufudukela kwintaba yemi Nquma (Mount of Olives) elona kaya sifunzele kulo, apo ndiqale kona ukubonana no Yergan namakulu omabini anamashumi amane abatunywa bentlanga zonke zomhlaba. Umkuhlane wam upatwe ngu gqira Dr. Bateman intsuku eziliqela ukuze ndipile; lomfo endiseza intshongoqa erarayo yeyeza waye efaka usiba emqaleni nasezimpumlweni yonke imihla atsho ndi

xúmele pezulu, kanti uyandinyanga mpela. Amagama abatunywa ngangoko ndibe nokuwa qokelela ibe ngala :—Algeria, Rev. J. Blackmore ; Argentina, Rev. G. Rodriguez, M.A.; Australia, Dr. Bateman, M.D., ch. M., B.SC. (ugqira wam), Rev. C. Lelean, Rev. H. Mathew, M.A.; Belgium, Rev. H. Anet, M.D.; Brazil, Prof. E. Braga, Rev. H. Tucker, D.D.; Rio de Janeiro Burma, Rev, T. San Ba, B.A.; Canada, Mrs. Brooks ; Bp. Endicott LL.D. ; Canon Gould, M.D. D.D. D.C.L., Ontario ; E. Tarr, Manitoba ; Ceylon, Rev. J. de Silva, B.A. ; Chile, Rev. R. Valenzuela, Santiago ; China, Rev. T. Bau, B.A. ; Rev. Tsu Chen Chiao, M.A., Litt. D. ; Mrs. Chen ; Rev. C. Cheng, D.D. ; Rev. C. Cheng, B.A. ; Rev. D. Fay, B.D., Rev. J. Gotteberg, Mr. Wen Han Gow, M.B., ch.B. ; Rev. Z. Kaung, Mrs. Lambert, Prof. Lu Li, M.A. Ph.D; Rev. R. Yo, M.A. Ph.D. ; Rev. E. Lobenstine, B.A. ; Miss Milner, M.A. Litt. D; Rev. H. Rattenbury, B.A. ; Rev. Yuk Sam, M.A.; Miss Pas Tseng, B.SC. Rev. E. Wallace, D.D.; Prof. Cho Wei, M.A. ; Dr. Z. Yui, M.A.; Belgian Congo, Rev. C. Pugh, Denmark, Rev. K. Malmstron, Rev. F. Steinhal, Egypt, Mr. S. Dewairi, Rev. S. Morrison, M.A. Dr. C. Russell, LL.D. England, inyilikityawe yeshumi elinane ; Eritrea, Rev. J. Iwarson, Fiji Islands, Mrs. C. Lelean, Finland,

Rev, M. Tarkanen, Formosa, Rev. D. McLeod, France babane, Germany babatandatu; Gold Coast wamnye; India balishumi elinesibózo lama Indiya; Iraq wamnye; Ireland wamnye; Japan, yangama Japan okuzalwa asibózo; Korea isihlanu; Madagascar isibini; Mexico isibini; Netherlands isibini; Netherlands Indies isibini; New Zealand isibini; Nigeria Bishop Howells, D.D. um-Xosa woqobo; Norway isibini; Palestine isibini; Persia isibini; Phillipine Islands isitatu; Scotland isitatu; Siam, isibini; South Africa Rev. W. H. Murray, D.Litt. wase Nyasaland, kulo Kadalie; no Rev. M. Yergan, B.A.; nom Ngqika; Straits Settlements isibini; Sudan wamnye; Sweden isitatu; Switzerland wamnye; Syria isitatu; Transjordania wamnye; Turkey isitatu; Uganda i Bishop kunye no Chief Siruino Kulubya, umdaka wakowetu omde omhle; U.S.A. amashumi omatatu abelungu; Uruguay wamnye; Wales wamnye; abaceliweyo bendawo ngendawo amashumi omatatu anantlanu. Abalauli be Ngqungqutela: Chairman Dr. J. R. Mott, LL.D.; J. M. Spears Treasurer; Rev. W. Paton, M.A., Rev. A. Warnhuis, D.D., Miss Gibson, M.A., Miss Underhill, Secretaries; ne shumi elina ntatu lo Nobála be Y.M.C.A. ne S.C.A. Bafondini ndinga dinwa kukuyi goca-goca ngamagama

yonke le nyaka-nyaka. Yanelani lolu shwankatelo. Abantu bona bebe ngum-Mbò nom-Xesibe ngobuninzi. Zaye nezinxibo zama Indiya nama Korea ziyimi bala-bala ebukekayo. Lendawo isencotsheni kanye yenduli enemiti yemi Nquma apo siyibonela ingase Ntshonalanga i Jerusalem isixeko esingange Bài lidibene ne Qonce ne Monti ngobukulu koko izitrata zimxinwa ngokoyikekayo. Izindlu zakiwe ngamatye. Isitena asaziwa apa mpela. Indlu yomntu onjenge gqira idla ama £5,000 ukwakiwa, yilonto irente zipakame nje nge zase Kapa. Isimanga kukunqaba kwama Kristu. Imbedesho apa yeka Mahomete nga bona baninzi. Ama Arab nama Juda abemi beli bomelele eku twaleni impahla ngomqolo. Ipiyane (ingeyiyo i organ) le yona ibunzima buzi ponti ezima 800, oko kukuti inxòwa ezine zombona, itwalwa yindoda enye emhlana iyise iyodwa apo isiwa kona nokuba inyuka i opstezi. Ngendawo zokuhlala sakelwe iholo ezimbòxo ngokwe holo zase Monti, kwanentente. Sityela eholweni enkulu ekwakufupi. Ndibe nenyweba yokubonana nomntu endimaziyo u Dr. Hamilton Dyke wase Morija e Lusutu ondijikelezise nge moto yake wandibonisa i Getesamane apo ndicapule umhlaba esililini sika Yesu ngokomyalezo ka Mbilini wase Kapa, ne Bethany apo ikona

indlu yo Mary no Martha nencwàba lika Lazarose nendlela esinga e Jericho. Ilizwe limhlope qwa ngokungati umhlaba lo yikalika.

* * *

Onke amalungu e Ngqungqutela anxitywe i tikiti ezinamagama nama kaya awo njengeze C.A.T.A. ukuze azane, atetane angalindi kwaziswa bani ; yaza yasungulwa " ingqu " ngokuhlwa ko Mgqibelo, 24th March, sapulapula ubuciko benkunqele u Sihlalo, Dr. J. R. Mott, ecàza injongo ze ntlanganiso. Pambi kokuba ndingene kwi ncazelo ye ngxoxo mandiqale ndenze amabal' engwe ngezinto esizibonileyo ngamehlo zelilizwe. I Jerusalem inabantu abakuma 75,000. Izindlu zezamatye. Umfundisi wase kaya u Bishop Mac. Innes, wasalatisa ezindawo : Umfula we Kidron, Icibi le Siloam, indawo awazalelwa kuyo u Samuwele nencwàba lake ; intaba ze Mowabi ezibonakala kakuhle ele kwe Yordane ; udonga lwama Jebusi ; intlambo ye Minom okanye yemililo apo iziko lika Moloki lalikona nenqu sihoko (Gehenna) esesiditywe ngomhlaba ngoku sayindlela yoku hamba ; kwanendawo apo u Judasi wazibulala kona ngokuzixoma emtini ; nendlu ka Dafeti, ne Tempile ka Solomon, nesibingelelo sika Abraham, nodonga luka Uzziya, no Nehemiya ne Kalvari ; ne nkundla elatetelwa kuyo

ityala lika Yesu ngu-Pilato ukuze agwetywe, necibi le Betesayida, nesango laba postile ekutiwa leli-Hle. U-Mgqibelo 31st March, yeyona mini ndingasoze ndiyilibale apa e-Jerusalem ngenxa yezinto endazibonayo. Ngobubele bom Fundisi we hlelo lama Swiss owandinceda sendipelelwe yimali ndahamba umgama omayile zima 50 nge moto sehla ngalo ndlela yodumo isinga e-Jeriko, sadlula emfuleni wama-Bȧda, sayiboniswa nenqu ye hotele apo um-Samariya olungileyo wamfaka kona umgwintwa webali lika-Krestu sayakungena nqo e-Jeriko ndacȯla amatye akona ngase quleni lika Elisha. Sidlulele ku Lwandle olu-Fileyo (Dead Sea) ulwandle lwesihlanu koluhambo, nalapo ndacȯla-cȯla ingqalutyana zamatye. Ukusuka apo siye emlanjeni we Jordane intywenka yomlambo ongange Tsitsa. Apa ndikė amanzi ngembodlela ngokomyalezo ka Ngesi into yesema Kwemnteni e-Bȧi kwanama gqatyana emiti ka Matodlana u-Radebe e-Kapa. I-Bishopu ezimbini zase China zatandaza apa zagqibela ngokupehlelelana, into eyatsho kwalusizi. Amanzi e-Jordane sifike emdaka engangcwenganga kwaye kusitiwa luhlobo lawo olo ukuba mdaka yilonto nokuze u-Nahamane awacekise akuyalelwa ukuba ayekuhlamba kuwo kasixenxe ukuze apile kwisifo sake

sesi lepere. Pofu asuke angcwenge apa esityeni akuba ekiwe njengoko nala ndize nawo ofunyanwa enjalo. Sibuye sekusebusuku sasinda ngezibele zo-Mdali kulomisetuluka igosogoso i-moto ivulwe yaqinisa ngokulumezayo ngumqubi wom Arab. Ngolwesi-Bini 3rd April, sinikwe imbeko yokubona isikundla se-Tempile ka Solomon, eseyimi i-tyalike (Mosque) yama Slamsi anqula u-Mahomete. Kwasisangena sikululwe izihlangu zetu sanxitywa imbȧdada zama Moslem ukuze singayincȯlisi ngenyawo zetu zobu Krestu. Sifike kutandazwa uzungu yimpi ka Mahomete emana ukuwa pantsi ngobuso, ivuke izibėkisa pezulu izandla iguqile; salatiswa into-yinto endingezi fezi apa. Into engalibalekiyo li Sango eli-Hle apo u-Petrose no-Yohane banyanga isiqwala esasicela amalizo, ngokuti igolide nesilivere asinayo kodwa egameni lo Yesu um-Nazarete siti tabata ukȕkọ lwakȯ uhambe. Ukupuma apo sihambe ngendlela yamatye ekutiwa yeye ntsizi "Via Dolorosa," apo wanyatela kona um-Sindisi ngentsuku zokumangalelwa Kwake. Nge-Cawa, 1st April, senze umkȯko kwindlela epuma e-Bėtani, ngomkondo awaye kwele kwitole le mbongolo esandlalelwa amahlamvu esundu (palm leaves) inkonzo sayingenela pandle entla kwe Getesemane

lonkonzo yatsho sazibamba ngenkope inyembezi kuba sasiyibona ngamehlo i-Kalvari, sabuyela kwangenyawo kwi kaya letu entabeni yemi Nquma. Ihambelo yase Beteleheme nase Nazarete nase Galili sobuye siyibalise kumanqaku alandelayo kunye neyase Kapernaume nase ntabeni ka Elija e-Karmele nase Samariya nase Cairo, kuba ndaya sendisendleleni yokugoduka kwezo ndawo. Intliziyo zixoliswe kunene kukuyibona ngokute nqo intaba awahendwa kuyo um-Sindisi ngase Jeriko ngu Satana mhla wati ewanga-wangisa ngengalo, ndikunika lonke eli ukuba ibe lelako, pofu engabeki mida (ngabula nkosi Shedi Zibi) okokuba uyakuti uwe ngedolo undibedeshe. Intaba ye Pisiga apo u-Mosisi wayibonela kona i-Kanana sayiboniswa nayo. Bamangaliswa kakulu abantu bakuva ukuba ndingum Xosa wesibini owaka wafika e-Jerusaleme emva komfi u-Canon Masiza owayibona ngo 1895 waza wabuya selenzakele engqondweni. Nalonto yokuba ndiyibone litamsanqa lam kuba indleko zokuza apa nokubuya zikwi kulu elinamanci amahlanu eponti nakubeni ndihambe ngezona ndlela zitshipu ze Third Class yonke londlela, ibe nalo mali iyeyezibele zabanye abantu abasetyenzwe ngu Rev. Max Yergan e-Melika okokuba bandi weze

baza batêlelwa ngama Wesile kuba incasano yemvaba (denominations) yesenza intshaba tina ma-Afrika. Ayilwe kunene le yantlukwano yobu tyalike amalungu antsundu kule ntlanganiso ada ati ngenxa yobuqûza entetweni ngesi Ngesi: "We want no more of your religious *demoniations* in our country." Ube ngalungiswa kweligama umntu owayeliteta, hai bo wapikela lona, kwacaca ukuba uzenza isiqûza ngamabom uyayiqonda lento—atsho enyanisile kuba yindimoni ka Satana ngenene lento yokwa hlulwa-hlulwa eli-Zwini lika Tixo. Kunqweneleka inkokeli zoku wuhlanganisa umzi nyani-nyani namhlanje kuba kuseko abafuna sahlukene nangobuzwe elixa ubukosi betu sebatyunyuzwa bapantsi kwezitende zo Rulumente omhlope.

* * *

Masibuyele kweze ntlanganiso. Usihlalo uyivule ngobuciko begcisa intlanganiso ngobusuku bom-Gqibelo 24 March ebonisa ukuba xa kudibene intloko zabahambisi—Lizwi zehlabati lonke kulindeleke inteto nezigqibo ezikalipileyo, ezifanele inkokeli zenene ukuze i Lizwi lika Tixo lifumane amandla amatsha. Nge Cawa umbâli lo ubanjwe kanobonyana ngumkuhlane wengqele enkulu akabi nakuvuka egumbini lake, waposwa yinkonzo yakusasa ekwakushumayela kuyo

i Bishop of Salisbury. Ngokuhlwa kwashumayela u Dr. Cheng Ching Yi, D.D. wase Shanghai e China kumazwi ati " Kumkani Agrippa, anditandanga kungawutobeli umbono wam," kunye no Rev. Max Yergan, B.A. wase South Africa kumazwi ati " Ndize ukuze babe nobomi, nobomi ngokongezelelweyo." Lamadoda omabini atsho ngomtyabulo oshiye imivumbo ezintliziyweni.

Ngom Vulo 26 March i Komfa isungulwe ngenteto ka Dr. Robert E. Speer, D.D., LL.D. wase New York, U. S. A, enye yengqondi nenteti ezipambili ehlabatini lonke, ecàza ukongama kobu Kristu pezu kwazo zonke ezinye intlobo zonqulo. Kulandele ingxoxo kwateta aba : Dr. H. Kraemer, Ph. D., Netherlands; Prof. F. Cho Minn Wei, M.A., D.C.L. wase China, Bishop F. McConnell, Ph. D., D.D. LL.D. wase Melika, Pandipeddi Chenghish. B.A., wase India, Prof. D. Heim, D. TH., PH. D., wase Germany ; Canon O. Quick, M.A., wase England ; Rev. Tsu Chen Chao, M.A., D. Litt., China; Prof. D. Richter, D.D., Germany, Canon S. Gould, M.D., D.D., D.C.L., Ontario, Canada, no Dr. S. Zwemer, D.D., LL.D., Cairo, Egypt ; ngokuhlwa kushumayele u Dr. David Z. T. Yui, M.A., D. Litt., wase China indodana etsho ngenteto yesi Nge-

si esiqavileyo ecàza ukuma kwezinto kwintlakantlaka ekoyo yokufa kwelizwe kowabo.

Ngolwesi Bini 27 March kuvule ingqangula yemfundi u Dr. A. Reischaner, M.A., D.D., umfundisi wentyilazwi e Japan kwaza kwadyiba iqela leziteti o Prof. Ahmad Shah, M.A. wase Lucknow e India, nengcasawulakazi yentombi u Miss Pao Swen Tseng, B.SC., wase China otsho apulula intshebe amadoda, esiti abafazi base China bakululwa ngu Krestu kwintlalo yodobelelo luka Confucius owati "Eyona nto intle emfazini bubudenge bake," ("The ignorance of woman is her virtue"); no Dr. S. Jones wase Ceylon no Rev. G. Simon, Germany, nobèlukazi u Mrs. Ochimi Kubushiro, B.D., wase Tokyo e Japan no Prof. E. Braga wase Rio de Janerio e Brazil, no Dr. A. Wilkie, D.D., Gold Coast, West Africa no Dr. Matti Terkanen wase Finland, nofafakazi olwalunxibe iblauzi yesilika eqaqambileyo eluhlaza nelokwe ebomvu u Miss Helen Kiduk Kim, M.A., wase Korea naye encoma ukukùlulwa kwabafazi ngu Krestu ebukobokeni kowabo, no Rev. J. MacKenzie, M.A., nesilumko sodumo u Professor W. E. Hocking, PH.D., L.H.D., Professor of Philosophy, Harvard University, U. S. A., otsho sotuka akuti abantu ekutiwa banqula iminyanya eyona nto babeyenza

bona kukunqula u Tixo bekunye neminya-nya yabo; no K. T. Paul, B.A., O.B.E., wase India no Miss M. Crutchfield, B.A., wase Melika. Umntu otete wotuka umzi ngu Mr. H. A. Grimshaw, B.A., M.SC., we International Labour Office yase Geneva ote kanti wazana kakulu no Kadali. Ute ama Krestu anetyala ngempato embi yezizwe ezimnyama kuba asuke atule ati tu ebubona ububi benqubo yabaqeshi. Kulandele u Rev. D. Couve, B.D., wase Paris no Bishop W. Temple, D.D., D. Litt wase Manchester kwacitakalwa.

Ngolwesi Tatu 28 March ingxoxo ibe ngetyalike zopumo nezasemakaya ezizwe ezipetweyo, kwaxoxa into eninzi yeziteti ezizezi : Rev. M. Cheng, B.A., Shangai, China, Rt. Rev. A. W. Howells, D.D., Nigeria, Bishop Uzaki, Japan, Prof. Braga, Brazil, Rev. P. Phillip, B.A., Ceylon ; Rev. J. Ryang, Korea ; nomhlekazi u Chief Siruano Kulubya wase Kampala, Uganda otete isi Ntu watolikelwa ; Mr. T. Marroqein, Mexico, Rev. Thra San Ba, B.A., Burma ; Rev. W. Cash, D.S.O., London, Dr. S. Knak, D. TH., Berlin, Rev. J. R. Chi-tambar, D.D., India, Miss F. Akle, Syria, Dr. J. Franklin, D.D., New York ; S. Dewairy, Cairo ; Miss E. MacDugall, M.A., D. Litt, Madras ; H. Damah, Egypt, Rev. J. Endi-cott, D.D., Ontario, Rev. P. Rodriguez, Phil-

lipine Island ; Professor Jabavu, B.A., South Africa ; S. Juman, M.A., New York, Rev. H. Ranazavola, Madagascar, Rev. B. Schuurman, Java, Surendra Datta, B.A., Culculta, Dr. Z. Yui, M.A., Shanghai ; Prof. H. Wu Cynn, M.A., China, Miss R. Woodsmall, M.A., Syria, Rev. H. Henriod, B.D., Geneva, Prof. Senzi Tsuru, Japan, Prof. S. Nasir, B.A., India, Rev. F. Turner, B.A., New York, Dr. T. Jese Jones, PH.D., LL.D., New York, Miss Pao Swen Tseng, B.SC., China, W. B. Smith, New York, kwapela okwalomini. Kuse ngolwesi Ne 29 March kuvulwa umcimbi wemfundiso yengqoboko yingqangula u Professor L. A. Weigle, PH.D., D.D., D. Litt, Yale University, U. S. A., kwalandela inyilikityawe o Canon C. Raven, D.D., Liverpool, Dr. O. Emrhard Berlin, Rev. S. Chatterji, M.A., Bengal netshawekazi u Baroness van Dubbeldam, Holland. Bishop Donaldson, D.D., D.C.L., Salisbury, Dr. C. Watson, Philadelphia, Miss Sibley, New York, Dr. M. Schlunk, D. TH., Hamburg, Rev. E. Wallace, Shanghai, Rev. H. Wilkie, Gold Coast, Prof R. Hocking, Harvard University, Mrs. P. Crane, M.A., London, yabuya yaqutywa malanga ingxoxo ngaba S. Dewary, Cairo, Mrs. Huntingdon, Constantinople, Miss Underhill, London, Mrs. C. Cheng, China, Bishop E. Davle, Singapore, Dr. P.

Schell, New York, Mrs. M. Brooks, no Mngqika no Dr. Hope. Ingxoxo zitsho saqekeka intloko ngalomhla.

* * *

Ngokuhlwa kolwesi Ne 29 March samamela inteto (Lecture) yo Manka Prof. R. H. Tawney, B.A. (London) ecaza imfuneko yokuba ama Kristu azikataze malunga nemicimbi edla umzi kwezentlalo namalunga nemivuzo yabaqeshiweyo kuba ezozinto zicukumisa yonke imo yengqoboko yomntu. Kuse ngolwesi Hlanu kungenwa kwi ndaba yabantu abahlala emapandleni (Rural Problems) ngokukodwa abalimi. Ikokelwe ngu Principal K. L. Butterfield, M.A., LLD. (Michigan, U. S. A.) watsho kakulu. Kulandele u Mr. K. T. Paul, B.A., O.B.E. wase India ote abantu bangapandle bakolise ukuba pantsi kwenxwaleko zobuhlwempu, nokungazi, nokungafundi; bayaqâtwa ezimalikeni xa betengisa imveliso yabo; balaulwa zinkolo zobuti nobugqi; balahlekiswa ngosiyazi, bayakütüzwa ngababolekisi bemali; basindwa ngama tyala ibe nabo betanda gqita ukuhamba emagqweteni ngokumangalelana abe amagqweta wona ebabüxula! Utsho lomfo kwabuhlungu kum wangati uteta ngabantu abamnyama beli lizwe. Emva kwake kutete u Dr. Ren Yen Lo wase China obehleli ecaleni lam apo entla-

nganisweni wati yena kowabo uncedo balufumene kwimanyano zabalimi nezokuzikusela kuba zifundisa ukuzuzwa kokutya nempilo into ezo ezisindisa uluntu ku Satana. Utsho ndadanduluka ndisiti, Amen. Emva ko Dr. Lambert wase China no Rev. D. Couve, B.D. wase France kupakame um Ngqika wacaza intlalonzima yabantsundu bakowabo ngesizatu sengxinano emhlabeni, kuba kwa Ngqika ikulu lonke labantu limi kwimayile enye, nokucudiswa ngu Rulumente odale i Lands Act (1913) eti abelungu abasigidi esinye mayibe ngowabo umhlaba oyi 88 per cent, ibe abantu abamnyama abazigidi ezihlanu besikelwe i 12 per cent kupela yelizwe, impango-ke leyo engangqinelaniyo nobu Krestu. Kulandele u Dr. Moffat wase Korea no Dr. Dubbledam wase Holland, no H. Wu. Cynn, M.A. no Rev. W. Axling, D.D. um Japan, no Dr. Ihmels i Jamani no Rev. E. Pugh wase Kongo no Dr. T. J. Jones wase New York waza u Rev. G. Rodriguez wase Argentina washicilela kwindawo yokubaluleka kwe mfundiso yolimo oluqubileyo wasekelwa ngu Dr. Z. E. Diffendorfer wase New York ote abafundisi aba mabafundiswe ukulima, kodwa banga kufundeli zidolopini koko emapandleni apo intlalo ifana nendawo abaya kuzo, ngokukodwa abemi abangaba nini-mhlaba kuba ngabo

abakuqondayo ukusebenza ngezandla ngapezulu kwabelungu. Kwesi situba kucitakelwe kwayiwa e dinaleni. Ntambama kungene i-Komiti yokuhlahla umcimbi we ntlaliswano yentlanga (Race Relations). Kwavula u Mr. H. Henriod, B.A. wase Geneva ngobushushu ebonisa ububi bokucalulana kwama Krestu ngobuhlanga (race prejudice). Kulandele um Mgqika naye wagxoga kunene ezekelisa ngentlalo yesizwe sakowabo kanye ngale ntiyano eyeza ivela kwizizwe ezimhlope esiti lentlanganiso mayibe nomyalezo ocacileyo kuwo onke amabandla kulomgca. Kutete u Dr. S. Zwemer wase Cairo wati lomcimbi kulapo abalandeli baka Mahomete bawoyisa kona ama Krestu kuba ama Slamsi ayazidla ngokungabi nanketo-bala abe wona ama Krestu kulapo abutataka kona. U Prof. E. Shah. M.A., wase India uyaleze ukuba makujongwe isiqu nendalo (personality) endaweni yebala lomntu. U Rev. Ralla Ram wase India ute ucalulo luko kakulu kowabo apo kuko udidi olubizwa ngokuba zi " untouchables " ati umntu akuzidibanisa nabo abe uwile, esiti lento izala iratshi logonyamelo kubapati (domination complex) kwa nokuziqênya (snobbishness) ema Ngesini ase Indiya. Lomfo uyinqazele kabukali lendawo watsho kwanzima ema Ngesini. U Miss

Underhill wase London uyaleze ukuba abantwana mabaqeqeshwe bese lula ukuzihlonela intlanga ezahlukileyo kubo ngombala ukuze kuvele isizukulwana esihle kuma xesha azayo. Kulandele u Dr. W. Schell wase New York ote eyona mbunguzulu yalomcimbi asilobala lobuso, yimivuzo emisebenzini nokusunduzana kwabantu ngenxa yengxinano entlalweni. Uncedo luyakuvela kuma kôlwa. Uzekelise nge Komfa ebise Detriot apo abamhlope bate bala ukungena kwihotele ezimcalulayo umntu omnyama. U Dr. Campbell wase Yale (U.S.A.) ute amabandla onke mawavane ngalendawo alwe kunye ukucasa uketo-bala. Kutete no Bp. Davie wase Singapore no Rev. J. Nicol, M.A. wase Syria kwano Mrs. Nicholson wase Detrict (obendibuze kakulu ngo Dr. Xuma welilizwe) betelela.

Kuse ngom-Gqibelo lengxoxo ifakwa entlanganisweni yonke kukokela u Dr. Hope, M.A., LL.D., umdaka wase Melika ongumongameli wesikolo sase Morehouse, Atlanta, Georgia. Ute lumkelani incwadi ezininzi ezi bâlwa ngalomcimbi ngabantu abafuna iwonga lobu *Doctor* ngesizatu sokuba abavavanyi babo bengazinto ngawo, watsho ezixela ezona ncwadi zitembekileyo. Ute abantu abamhlope xa bebodwa bapatana ngesimilo sobu gqoboka kodwa bakohlakale bakudibana

nabantsundu. Nesimilo asincedi kuyapi kuba kowabo yaka yatshiswa ngomlilo indłu yomdaka ozipete ngobunene ngenxa yebala eli lake lodwa emi pakati kwabamhlope. Nemfundo apa ayincedi. Uncedo lusendibanweni yabantu abampùnga upòlileyo macala omabini, nomoya wobu Krestu.

* * *

U-Rev. Max Yergan, M.A., (um-Cira) kwelituba ute amakòlwa mawayindwebele indawo yokusihlonela isidalwa esingumntu nokuba ibala laso lilipina kuba siyeva, siyacinga, nezipata-mandla zamazwe mazibe novelwano naba petweyo. Yena udaniswe kunene yinteto yompakati wase England u-Joyson Hicks ote ama Ngesi e-Indiya aya ngenjongo yenzuzo kupela ingekuko ukupakamisa uluntu. Amasiko amatsha ama Yerepe ayenzakalisile intlalo yaba ntsundu ngecala le gunya labazali pezu kwabantwana. Ewe, isifundisi sona sincede kunene kwaye kufanele ukuba kudalwe amaqumŕu emvisiswano kunye nabamhlope abalungileyo, kukùtazwe i-Joint Councils nemanyano zaba fundi ngobu Kristu nentlanganiso ezi njengezi zimana ukwenziwa li-Bandla lama Bùlu. U-Bishopu Uzaki, D.D., wase Japan ucàze indlela epetwe ngayo i-Korea yi Japan wacebisa ukuba zonke izizwe zitelele kwi League of Nations,

nokuti imfazwe mayipeliswe pakati kwama Kristu, makushunyayelwe ukunyaniseka. Emveni koku ingxoxo ye Colour Bar ivulelwe isidlangalala sonke, kwaqala u-Prof. J. Bokopo LL.B., umdaka wase Philipine Islands obegalele umtika omanzi ecàza impato yabo yi-Melika. kwalandela um-Ngqika obalise nge Bùlu elapùpà lise zulwini lati lakubuzwa ukuba liba bonile-na abantu abamnyama apo lati lilibele ukuya kukangela ekitshini nase sitalini (kwahlekwa). Ute le ngqondo iseko kubantu abaninzi abamhlope abangamakolwa kwela kowabo yokuba umntu ontsundu akangomntu ngokupeleleyo, ubunyamakazi. Kulapo inkolo ka Mahomete ingati inokuvakala kuba yona ayina Colour Bar. Le ntiyano yiyo le ibambezele ubu-Krestu e-Afrika kuba abamhlope abanezo zimvo bayamnyelisa um Afrika, baneratshi, bampata gadalala emivuzweni yemi sebenzi, bapumeza imiteto emibi e-palamente ecukuceza umntu omnyama, ngokukodwa i-Grondwet yase Transvaal, emangalayo mpela ukuba uma-Afrika anikwe amalungelo ngokulinganayo nabamhlope enkundla nase bandleni kunye ne Colour Bar Act 1926 ne Bili ezintsha zika 1927 ezikwamtshonisayo umntu omnyama watsho epakamisa umpoposho obàliweyo wokuba le

Komfa iyicase yonke inqubo enjalo. Kulandele u-Dr. W. H. Murray we bandla lama Bùlu e-South Africa ekatazekile yilenteto ihlaba amawabo wati masinga hlali pezu kwentlalo embi yodwa kuba lomcimbi ngonzima kakulu waye no Dr. Loram ebengayi ngqinayo ukuba ebeko, into yokuba ako amacala amahle. Seziko impawu zokuba izinto ziyalunga njengoko isitsho inteto ebàliweyo ka Dr. Taylor. Emva koko kupakame icikokazi elintsundu u-Miss Helen Kiduk Kim, M.A., wase Korea, ongowohlanga olupetwe yi Japan watsho ngesi vutevute senteto, esiti ebenga zimisele kwenza zwi kweli nqanam koko uhlongozwe ngu-Bishop Uzaki osuke walalanisa wayifihla inyaniso yezikalazo zama Korea. Inyaniso yona yeyokuba ama-Japan awavalele ama-Korea nakwi ofisi zobu nobàlana apo umntu ungafika emnye kupela ongum Korea, isixenxe singama Japan. Lentokazi yayi qaqambile nangokunxiba kuba yayi galele isifuba esi bengezelayo se blauzi eluhlaza ye silika pezu kwe lokwe ebomvu ye silika. Ekubeni kutete no-Bishop Davie, wase Singapore no-Mrs. Huntingdon, wase Constantinople, no-Rev. P. Gasselin, wase France kusuke u-Rev. Abel Meurron, M.A., wase Lausanne (Switzerland) wayixasa shushu inteto yom-

Ngqika, kwalandela icule u-H. A. Grimshaw, B.A., M.SC., we International Labour Office, Geneva, nowazana kakulu no-Kadalie wati yena uzakuteta engena ngebė kuba o Yergan no-Jabavu bazibambile izimvo zabo zoburara ngenxeni yokuba ingama nene anentloni napolileyo kanti wona umzi lo batetela wona ekaya ngumndilili orara kunene yile Colour Bar emivuzweni yabo emisebenzini, kwaye kuko nezizwe ezinjengezase Pacific ezide zacitakala nase ntlalweni yazo yile mbángi. Kutete nelinye inenekazi elintsundu u-Miss Tara Tilak, B.A., wase Bombay, lati kufuneka sazene njenge zizwe ukuze umoya ombi upele kuba kudala sizimelene ngongqame lokucukulana ngobuhlanga. U-Basil Mathews, M.A., wase Geneva, ute masidale i-ofisi eyodwa yalomcimbi kupandwe zonke izimeko kumazwe onke, kwalandela u-Dr. Alexander, wase Atlanta, Georgia, wati masikutaze abantu abalungileyo macala omabini nge Joint Councils kufundwanwe, kufundiswe nolutsha ezikolweni ezipakamileyo. Kute xa kanye umkúpa ngati uyajiya engxoxweni kwabeta intsimbi yedinala yaza yavalwa ingxoxo emini ngom Gqibelo, 31st March.

Malanga amalungu onke akwele ezimotweni ukuya kubona i-Jeriko, nomlambo i-Jordane, yangumhla omkulu ngenene nakubeni

kwakubanda kakulu nomoya ungaqelisi. Indlela eya e-Jeriko ipuma e-Jerusalem ikangele empumalanga umgama ozi 24 miles ijikajika ngokoyikekayo pezu kongqame lwe ntaba ezinamatye amakulu iqengqeleke 3,900 feet. Yileya kwahamba kuyo lowamntu i-Nkosi yenza umzekeliso ngaye kwi Gospile ka Luka isahluko seshumi kwi vesi yamashumi amatatu, owagaxeleka ezi hangeni zambünyula ingubo zamngxwelera zemka zimshiya-engati uza kufa. Sipume kwi Ntaba yemi-Nquma ngo 2 sajikela ngomfula we Kidrone entlanjeni ka Jehoshafate sayishiya ngeso-kunene i-Jerusalem, yangase kôhlo indulana ye-Getesemane saka semisa kwimayile yesitatu e-Bėtani ekayeni lo Marta no Mariya no Lazaro, (kangela ku-Luka 10 : 38-42, Yohane 11 : 1-46, Luka 24 : 50-51.) Salibuka kunene elonxowa lomzi wotando. Umlesi woncedakala apa ngokufunda ezo zahluko zezi Bàlo ukuze ayinandipe ihambo yetu yalowo mhla.

I Betani le njengoko umlesi ayakukümbula likaya lotando noxolo abesakufikela kulo um-Sindisi wetu xa eye kwi Pasika e Jerusalem, awada walila inyembezi mhla wafika engaseko u Lazaro, watandaza umtandazo obuhlungu ukuze amvuse selentsuku-ne ese ncwåbeni. Izindlu zona ngamanxowa kodwa

ngenxa yembàli yo Marta no Mariya no Lazaro safika imotokali ziyintlaninge, zitwele abantu abaze kuwuhlola lomzi. Ukusuka apo indlela isihambise ituba elinobom yayakusifaka emweweni onamatye namatyolo oyikekayo, ogama lingum-Fula wezi-Hange apo wenzakala kona umntu owayesiya e Jeriko ngokomzekeliso we Nkosi. Nanamhla kutiwa yindawo enengozi kumntu ohamba yedwa ngo busuku, nam ndayiqonda ukoyikeka kwayo kusemini. Kwimayile ye 12 simise kwinxowa ekutiwa yila hotele wafakwa kuyo lamntu ngum Samariya onovelwano, saka sayijikeleza nayo simangalisiwe bubunyaniso bomzekeliso we Nkosi. Sidlule apo ngemisetuluka emibi sibambe amazinyo xa umqubi wemoto eyivutele ngokungati akakatali nokuba sifele apo.

Kwingxondora yokugqibela kuvele amabòma ebànana etafeni elite tyaba kanti sesingene e Jeriko waza umqubi moto wasalatisa isipòngo sentaba ngase kòhlo eyi Mount of Tempation, intaba yoku-Lingwa, apo u Yesu wazila ukudla intsuku ezimashumi mane waza wahendwa ngu Satana. Londawo isemboniselweni apo iliso libona ne Pisiga ka Mosisi, kwanendlela esinga e Galili esetyenziswa ngama Juda ase Jerusalem angafuniyo ukudlula e Samariya ngenxa yokucapukela

abantu belozwe njengohlanga olutiyiweyo nolucekiswayo. Kwesisituba zivele zaqaqamba intaba ze Mowabi ele kwe Yoredane ezi kubaliswa ngazo ngo Naomi nentombi zake bebikica emasimini ka Bohazi encwadini ka Rute, zanga ludonga lolwalwa ngenkangeleko. Nganeno apa salatiswe indawo ekutiwa lincwàba lika Mosisi yimpi ka Mohamete eti amatambo ake afuduselwa kuyo, ekubeni kokwetu ukwazi wayefele ele kwe Joredane u-Mosisi. Siyitulele iminqwazi londawo sahamba imayile ezintlanu ngecala lasekunene ukuya kulwandle olu-Fileyo (Dead Sea) ulwandle lwesi-hlanu koluhambo. Kutiwa lufile kuba lingowona mwonyo unzulu pezu komhlaba, luzinyawo ezili 1,300 nga pantsi komgangato wezinye ilwandle. Siqale apa ukuzuza ubushushu obuyelele kobase kaya e Afrika, bada abanye bahluba ingubo baqubá, koko baqubisana nentshongoqa yento etyuwa idlula zonke ilwandle ezikoyo ehlabatini esite sakuyingcamla tina baboneli sayifumana irara ngokweyeza lekàla.

Manditi apa umfanekiso we Jordane lo ukule ncwadi utatyatwe kanye kulandawo i Nkosi no Yohane babepehlelelana kuyo, namanzi ndiwa-kė kwalapo.

# I-Jordane.

Umlambo i Jordane upelela kolulwandle endizakubuye ndicaze apo upuma kona. Sisuke apo senza imayile ezikwantlanu sinyusa ngawo ukuya kulondawo u Yesu wapehlelelwa kuyo ngu Yohane njengoko esitsho u Mateyu kwisahluko sesitatu ivesi 1-17, safika kumi inkunzi yehotele kuzimoto zodwa nenyambalala yabantu esingabaziyo. Kute ndakuwujonga umsinga we Jordane ndikangela nanga pesheya kwe lase Kanana ndeva ndingenwa luvalo noloyiko lokuti hleze amehlo am abe asingawo awenyama, mhlaumbi ndipakati kwepupa okanye umbono wesityilelo okanye ibe ndibùbè ngesiqupè ekaya ndazakuqabuka sendiwela i Jordane yokufa kwenene, ibe yonke lento nditi ndiyayibona zinto zokuba ndisendleleni eseyipumile emhlabeni isingisa ezulwini. Kulo matandabuzo ndiyondele ixesha elide i Jordane ndagqiba ekubeni sendoqonda mhla ndabuyela ekaya ema Xòseni ukuti ibingelopupa. Ndiqaule amagqabi omti olapo ndaza ndakumbula umyalezo wamanzi sendilibele nokuza nebòtile. Undihleke kunene um-Cira u Yergan akubona ndikatazekile ndigqobà ihotele leyo ndifuna ibòtile. Ndancedwa ngulom Arab

uquba imoto yetu wandizisela imo enkulu yayo ndawaka ndavingcà ngempampili ndayigcina esifubeni lobòtile ngesandla pakati kwe dyasi ndada ndagodukela e Jerusalem nayo. U Bishop Mac Innes wati ama Sirayeli ayiwela kwakufupi nalendawo i Jordane ukuya e Kanana epetwe ngu Yoshuwa njengoko incwadi ka Yoshuwa isitsho kwisahluko sesitatu nesesine kwanjengokuba wawela apa no Elija ukuze andule ukunyuselwa ezulwini ehleli ngokwembali yencwadi yesibini yo Kumkani kwisahluko sesibini. Zonke ezizinto zitsho i Baibile yayincwadi entsha neyolileyo kum kuba ndisuke ndizibone indawo eteta ngazo ndiziqonde apo zikona ndikumbule mhla u-Yesu wati ku Tomose:—"Ngokuba undibonile, Tomas ukoliwe. Banoyolo abo banga bonanga, bakolwa noko."

Besendicazile ngapambili ngabafundisi betu ababini bama Tshayina abaguqa enyeleni yomlambo lo batandaza bapèhlelelana ngamanzi awo nati sesite nzwanga luloyiko. Sijike okungajikiyo ukumka apo sayakubona i Jeriko entsha eyayimiwe ngabalweli bomnqamlezo i Crusaders kuba le indala yeyexesha lika Herode, apo wayemi kona u Zakeyu nalapo u Yesu wayinyanga kona imfama u Bartimeyo njengoko ibali lisitsho ku Luka isahluko 19 ivesi 1-10 naku Marako 10, ivesi

46-52, sayakubona nequla lika Elija esixelelwa ngalo encwadini II Kumkani kwisahluko sesibini ivesi 18-22 sabona nentsalela zesosixeko esatinjwa ngama Sirayeli epetwe ngu Yoshuwa (kangela encwadini yake kwisahluko 2 ivesi 1-24, nesesitatu ivesi 14-17, nesesihlanu ivesi 13-15 nesesitandatu 1-27.)

Sifike ekaya sekuhlwile ndawabilisa amanzi am ukuze angabi navumba akuba madala, ndawa-tà kwimbòdlelana ezintatu ukwenzela ukuba enye iye kumyalezi wawo u Ngesi, enye ibe lilifa lika Ntu e Kolijini, eyesitatu ibe yeyokubonisa emjikelweni xa ndishumayela ngoluhambo. Ndalala ubutongo belungisa ngalom-Gqibelo wama 31 ku March emva kwalemibono.

* * *

Kuse nge Cawa ye Paleme 1st April singena kwisambàntlanya somtendeleko we Komfa le yonke kwa shumayela um Rabe, isonka sahanjiswa ndim i wayini ipetwe li Indiya zadibana zonke imvaba namhla kuko ne Bishop yase Tshetshi noko yati geqe itandaza bucala kodwa kunye nati.

Apa manditi ezozihlwele zikumfanekiso we Tempile ka Solomon zezamalungu entlanganiso yetu lomhla sasiyijikeleza, njengoko kucaziweyo epepeni lama 69 apa.

# I Palm Sunday.

Emva koko senze i faleni sasinga ngecala le Bėtani ngenyawo ukuputuma landlela u Yesu waye hamba ngayo ekwele itole lika ndlebende ehamba pezu kwama gqabi esundu. Siyiqale ezantsi sihamba ngaba bini pantsi komyalezo wokuba uhambo olu lube yinkonzo, kungabiko kuncokola mpela. Indlela yenyukayo ematyeni amhlope apantse angati ngamaqekeza ekalika ubuso betu bu bėke entshonalanga ngase Jerusalem, intaba yeminquma ingase kunene, i Betani sayishiya ngemva empumalanga, samana sipumla sibeka ipika ngenxa yobunzima beqina, ekude kwako umtunywa wase Indiya indoda eseyiqinile inobutataka bentliziyo esambona selejuba esiwa kuku pelelwa ngamandla (fainting), yabanga usizi lento, watantanyiswa wada wabuya wapakama waxȧtalaza encediswa yibishopu yase Singapore imtyala ngasemva nam ndityala i bishopu leyo ngokubona ukuba lixego hleze iwe nayo. Kute xa sivela pezu komfula we Kidrone kwisi hlambo sika Jehoshafate umkȯko wemiswa kwatiwa kulapo waqala kona u Yesu ukukwela embȯngolweni etshayelelwa ngabantwana ababevuma u Hosana. Siqubele pambili kwati xa sise-

ntla kwe hlatana le Getesemane yakuba i dolopu ye Jerusalem iqala ukubonakala semisa, kwaqutywa inkonzo ende nezuke kunene ngu Bishop MacInnes, D.D., efunda izibàlo nemitandazo elungelelene nomhla we Palm Sunday. Endleleni sidlule kumfazi ontsundu ngokwelam ibala kanye koko engum Sudani onqula u Mahomete eteta isi-Arab sako wabo ndeva sele danduluka ngokungati uti "Wa, betuni! Nanko nowakowetu umntu kulama Krestu; Tyini, toro! !," etebeleza ngenteto endingayivayo.

Ndanqwala ndatula umnqwazi ukubulisa iyinkohla ukuteta kuba asivani, kuye ndisiti hebetu sesi-mumu. Ngenjikalanga nangokuhlwa sipulapule intshumayelo ezintatu ezingoku hanjiswa kwe Vangeli. Kuqale u Rev. J. A. Mackay, M.A., D.Litt., Professor of Philosophy at Monte Video, Uruguay, wayaleza shushu ukuba sitenge incwadi egama liti-"The Invisible Christ" etengiswa e Buenos Ayres. Kulandele u Bishop J. H. Linton, D.D., wase Persia esiti umsebenzi welakowetu mkulu kangangokuba mnye umfundisi ebantwini aba 125,000, intlalo yabo yenzima, batshatisana besenga bantwana, basebenza i yure ezilishumi ngemini nangu mntwana ominyaka mine ekufuneka ama Krestu ancede kwizimeko ezilolo

hlobo. Kugqibele umanka u Rev. E. Stanley Jones, D.D., wase Indiya umbâli wencwadi engum-mangaliso endiyi yaleza nangokwam apa ukuba umlesi azame ukuyi zuza, iti: "*The Christ of the Indian Road,*" itengwa nge 3/10 kwi Methodist Book Room, Box 708, Cape Town. Lomfo yinzwana nase busweni waye etandeka nasesi milweni sake sokuzitoba kuba ndahamba naye ekubuyeni kwam ndamfumana engum Krestu wenene. Ute ubu Krestu obu kupela kwento eqinisekileyo pakati kwawo onke amatandabuzo exesha lezimini. Yekani imvaba nabantu nifune u Yesu ngesiqu nimfumane. Ngom-Vulo, 2 April, kuvulwe ingxoxo engezimeko zabantu abaqeshwe emisebenzini nakuma shishini (Industrial Probiems) ngu Bishop F. J. McConnell, PH.D., D.D, LL.D., ingqondi neciko, ote imfazwe ezi zipuma kwi ntlalo-mbi yabaqeshwa. Ke ngoko kufuneka abancedi abanolwazi jikelele. Usekelwe ngu Miss M. Dingmans, B.A., wase London ote kufuneka inkokeli ezinolwazi nezikululekileyo kule micimbi ye mivuzo. Kulandele u Dr. Ren Yen Lo, M.A., PH.D., i-China, elalihleli ecaleni kwam lati, kowalo ama Krestu selebange ukutiywa ngumndilili lo wabantu kuba bati ngawo la ango nozitupa-zekati ezi sebenzela izikohlakali zabaqeshi ngokubayoba nge ngqo-

boko. Ute maliqave izwi lalentlanganiso ukuba akuko bunyaniso kulonto. Emva kwake kutete u Miss Tilak, B.A., intokazi ebihombe ngeminweba yakowayo e Bombay yaye izalwa sisihandiba somntu wegazi, wati amagqobòka mawapàpė abancede abantu abacinezelweyo emivuzweni ngokukodwa babakùsele ko Rulumente abenza imiteto ecudisayo. Ngowona msebenzi ufanele ama Krestu lowo. Kulandele um-Ngqika wacaza izimeko ze I.C.U. yakowabo elwela abantu abahleli intlalo elilisayo ngemivuzo nange mpato, esiti u Kadalie lo unomanyano olumalungu angama 100,000 ebantwini aba 500,000 abaqeshwe ezi dolopini. Olu manyano lute ngoku sebenzisa inteto ezirabaxa xa zihlaba abaqeshi lwenzelwa umteto ongu Tungumlomo (Native Administration Act) olihlazo ebu Krestwini. Upakamise ukuba kwenziwe isigqïbo sokuba imanyano zolu hlobo zincedwe zitantaswe ngama Krestu, bacelwe o Rulumente ukuba bazamkelele ezincwadini zabo, ivunywe nendawo yokuba abantu abapetweyo banalo ilungelo lokumanya bakùsele intlalo yabo. Kulandele u Rev. M. Kaltenbach wati abe Sutu abasebenza emigodini ngama 150,000; maba kangelelwe ngase ntlalweni yabo. U Rev. C. O. Lelean wase Fiji uyihlekise kunene indlu ngokuti

abe fundisi aba mabake bayeke ukufundiswa i tiyoloji nembali ye tyalike yodwa, mabafunde umntu lo nentlalo yake (Sociology)! Kugqibele ngo Rev. E. Rigg, B.A., wase Boston ote masi sivume isono setu ma Krestu sokuba ngumntu-yedwa (selfishness) nokuncedisana no nxôwa-nkulu, sibuputume ezantsi ubu Krestu. Kwesi situba kubete intsimbi yedinala kwacitakalwa.

* * *

Malunga ngom Vulo 2 April sifikelwe yingxelo eyotusayo eti kubanjwe ititshala ezimbini zama Krestu ngama Turk ngase Syria ngenxa yokuba zishumayela u Kristu kubafundi bazo. Zisentolongweni, kucelwa imitandazo. Ngokuhlwa sipulapule inteto ye ngcangula u Prof. W. E. Hocking, PH. D., LLD., Harvard University eteta nge Psychology malunga nengqoboko. Lendoda irole izintsonkoto eziviwe ngabambalwa ngenxa yompakamo wemfundo. Kuse ngolwesi Bini 3 April kuxoxwa umcimbi wokuqutywa kweli-Zwi kwityalike zasemakaya (Home Base) kwavula u Canon G. H. Williams, M.B., B.S., walandelwa ngu Dr. Schlunk (Hamburg) no Rev. M.T. Stauffer, M.A. (New York) umenzi wencwadi i-"Thinking with Africa" ebâlwe ngu Thema no Mahabane, no Rubusana no Mngqika lo, itengwa nge 3/9 e Methodist Book Room, P.O. Box 708, Cape Town. Ute into emayibe-

kwe pambili kuku hanjiswa kwe Vangeli ebantwini kunokumiswa kwamapoma ezindlu. Wayaleza nokuba ilungiswe imfundo yabantu abangenela ubu lungiseleli. Ekubeni kutete no Rev. J. S. Thomson, M.A. (Edinburgh, no Mrs. M. G. Forgan (Edinburgh) no E. P. Campbell, B.D. (Yale). Mrs. C. C. Chen (Shanghai) kusuke u Prof. E. Shah, M.A. (Lucknow) wayaleza ukuba abafundisi bahlale nabantu bendidi zonke kwanokuba bayeke ukukumatela kwindawo ezipakamileyo kwanokuba baqube igospile enga ngxengwanga nelizwe. Kulandele u Bishop J. Endicott, D.D., LL.D., (Ontario) no Rev. A. Learitt, D.D. (Brooklyn) kwano Rev. R. Diffendorfer, M.A. (New York) oshukumise ukuba zikangelwe ngeliso elibukali intlabo eziti singabantu bemfazwe; intshumayelo yetu iyaxengaxenga; inkolo zaba semzini abeze kufunda pakati kwetu ziyazigungqisa; ukuhlatywa kweziposo zenqubela ya bamhlope; ukwaneliseka yinto esiyiyo; ulutsha lwetu luyasipalala kuba sishu mayela into enkentezayo kulo; nabati ukufundisa izizwe ezimnyama, njengokutsho kuka Lord Inchcape, kukuzidalela intshaba emsebenzini yempilo yetu. Lenteto itsho yashukuma intlanganiso. Kulandele inzwana yom Skotshi oselebungwevu u Dr. J. M. Black, D.D. wase Edinburgh eyaleza ukuhanjiswa

kwe Vangeli kuma Juda, esiti ewonke ama Juda e Europe li 15½ lezi gidi. Kwelonani ishumi lise Europe, e Melika zi 2½. Azilahlile isinagogo, ngoku azi nkokeli ze Communists nokuhlakaza izizwe ezimiyo, aye epambili kumashishini nasemfundweni. Ngoko ke masi sondele kuwo siyeke ukuwacalula ngobuzwe, masiwancede. Lamazwi asekelwe ngu Mrs. E. Nicholson (Detroit) no Canon S. Gould (Ontario). Kwayiwa ezidinaleni.

---

# I Tempile ka Solomon.

Emva kwe dinala imenywe yonke i Komfa ukuba ityelele isikundla se Tempile ka Solomon e Jerusalem edolopini esimi kumhlaba ozi akile ezi 35, pezu kwe zonduli ze Morija. Yindawo yamabali asema nyangeni le. Amabali ayo alishumi elinanye, nanga : (1) Yilandawo u Abraham watunywa ngu Tixo ukuba atabate unyana wake amenze idini kuyo. Funda kwi Genesis 22, ivesi 1-14. (2) Yayi sisanda sokubùla inqòlowa yama Jebusi. (3) Yayi sikundla se Tabanakele. (4) Kulapo u Dafeti wamisa isibingelelo sake pezu kololwalwa lukulu lukoyo nangoku. (5) U Solomon wa-ká i-tempile yake apa eya-

buya yatshatyalaliswa ngama Babilone ngomnyaka 1,000 B.C. (6) Emva koko u Zerubàbèli wa-ká eyake itempile. (7) Yangu Herode wexesha lika Yesu emva koko. (8) Yadilizwa leyo ngu Titus. (9) Yavuswa ngu Hadrian eyimisela isitixo esingu Jupiter kodwa yadilizwa zintshaba ngo 277 A.D. (10) Kwakiwa ityalike ngoku ngu Justinian ngo 530 A.D, umfo owavela e Byzantium kodwa (11) ama Moslem impi ka Mahomete ayitimba ngo 600 A.D. yayeyawo unanamhla kuba iti u-Mohamete waye lapa ukuze nje anyuselwe ezulwini ehleli, ekwelê enkabini yake ebomvu yehashe lobu-tî (magic) atshonele pezulu emafini unangoku. Ama Slamsi ka Mahomete aseka ibòtwe le *Mosque*, ekutiwa yenye yetyalike ezintle ehlabatini, pezu kolo lwalwa lungcwele lwesi bingelelo sika Abraham eneqùbu (dome) elikulu pezulu. Yiyole sendite sakùluliswa izihlangu pambi kokuba siyingene, sanxitywa imbadada eziqeshwa kwalapo. Sijikeleziswe kakulu apa siboniswa ne Sango le Golide, ne Ntaba ye Ziyone le sasikuyo ngoku kwanencwába lika Yesu ekumiswe unonzwakazi wetyalike pezu kwalo i-"Church of the Holy Sepulchre." kwane Sango eli-Hle.

Ukupuma apo sihambe nge Via Dolorosa, isitalato sosizi awa hanjiswa ngaso u Yesu,

sagqita kwinkundla ka Kayafasi neka Pilato kanye kwezondawo u-Yesu wayityela kona isopolo yokugqibela nabafundi bake ukuze ancàtshwe ngu Judasi, litetwe ityala, agwetywe, sayibona ngamehlo londawo waxonywa kuyo nawavuka kuyo nawasuka kuyo ukunyukela ezulwini nalapo u-Moya oyi Ngcwele wehlela kona nge Pentekoste. Sidlule kwi ndawo eyayi licibi le Bethesida nentlambo ye Hinnome, i Gehenna, apo u Moloki u Tixo wama Amoni wayenqulelwa kona kusenziwa amadini okuposela esihogweni somlilo omkulu owawulapo iqela lentsana yonke iminyaka. Siso eso esisihogo somlilo sidumileyo apo kwakusitiwa imipefumlo yabafileyo yayitshonela ngapantsi iyokutsho embindini wehlabati e Hadesi kwe labafi. Bantu bakuti! amehlo am ngenene abone izimanga ebendingazi nam ukuba zikwalapa emhlabeni! Ukusuka apo ndicelwe ukuba ndiye kushumayela nge Afrika entlanganisweni yomzi namaramente ase Tshetshi etyalikeni yase dolopini e Jerusalem apo. Ndafika kuzalisile ngumlisela nomtinjana, ndeva ndifudumele nam ngenxa yezimanga ebendivela kuzo. Ngokuhlwa ndibuyele kwi Ntaba yemi Nquma apo site sayiqoshelisa ingxoxo salala. Kuse ngolwesi Ne 5 April kuqosheliswa eyentlanga sapulapula ubuciko bo Dr. Richter, K. T. Paul, B.A., Canon

Gould, Basil Matthews, M.A., Bishop of Manchester, Dr. Robt. Speer, LL.D., no Prof. Senzi Tsuru wase Japan, sayakulala.

Ngolwesi Hlanu olu-Ngcwele 6th April (Good Friday) kwaqutyelwa pambili umcimbi wentlalo yasema pandleni kuqulunqwa ingxelo ye-Komiti. Kutete u-Rev. J. Reid, wase Calcutta, wati zihlanu kupela izigidi ezingama Krestu e-Indiya kubantu bakona abazi 300,000,000. Kusuke u-Dr. Surendra Datta ovela kwalapo, umpȧmbo wogxiba olumnyama tsu̇, elizeke umlungukazi owayeko naye, noko ayabambeka eyona nto waye teta yona ngenxa yokuwamungunya kwake amazwi xa atetayo, eteta ngezwi elincinane. Kulandele um-Ngqika wayaleza ukuba umsebenzi woku sindisa impilo yentsana nabantwana njengoko awubone uqutywa yinkosikazi yake u-Nolwandle kwelakowabo pantsi kwe Child Welfare Society mawuncediswe ngama Bandla onke ama Krestu kuba iyoyikisa kunene imbu̇bȯ yomgqeku ezintlangeni ezimnyama kulamaxesha okȧnyo. Emva koko kutete u-Dr. H. Tucker, wase Brazil wayaleza ukulungiswa kwemigcobo yolutsha olukȯliweyo, kwalandela no-Dr. Knubel, wase New York, Prof. Wei, M.A., wase China no Mrs. Nicholson otete ngoshicilelo lwencwadi ezipilisa umpefumlo

nengqondo, no-Canon G. Williams wase England, yadluliswa lengxelo. Kwangenwa kwizigqibo zengxelo ye-Komiti epete umsebenzi nabaqeshiweyo, yapononongwa indawandawana ngalamanene: Dr. Shell, Rev. E. Wilson, Rev. R. Forgan, Bishop of Salisbury, H. Grimshaw no-Miss Dingmans, kwavalwa. Ngokuhlwa kuqosheliswe ingxoxo yentlaliswano yezizwe yaqulunqwa apa napaya kwati kuba inyanga yayiqaqambile ngobobusuku kwako iqela elinobom elihlela kwihlatana le Getesemane elingumgama omnye ngezantsi kwe Ntaba yemi-Nquma layakutandaza pandle lisenza inkumbulo yokufa kwe Nkosi ngesigwebo sika Pilato. Kaloku ama-Tshetshi ngawona ayiqondayo into emayenziwe nge Good Friday ngecala lemitandazo equtywa imini yonke xa kukunjuzwa inzingo ze-Nkosi yetu ngalomhla. Umgqibelo 7th April ibe yimini yokuba ziqosheliswe zonke ingxoxo ezingamasolotya, waye u-Sihlalo ezibambele kufutshane intambo elukalimela lonke untyuntyo kuba ke mfondini intlanganiso yaba-Shumayeli beli-Zwi ibanzima ngelocala kuba bona baqele ipulpiti apo umntu anganqandwayo ekuntyuntyeni balibale ukuba equmrwini loluhlobo kufuneka umntu awanqunqe amasolotya ayibambele emaxòrameni inteto. Ngemini yakusasa

kugqitywe imicimbi ye-Mfundo, neyobu-Gqira neyama-Bandla. Ngenjikalanga kwasongwa owokuncedwa kwale komfa kuma xesha azayo. Ngokuhlwa kunyulwe ababambi ntambo. Ku Sihlalo ibe ngu sinyula kwayena, sonke sivumela pezulu ukuba ibe kwangu Dr. John R. Mott, LL.D., noko ilanga lake selitambekile ngaseminyakeni. Yeka-ke inteto zabuciko zomncomo wemigudu yake, zitsho samatȧ kwelituba, kwabuhlungu kanye. I-Bishop of Salisbury ite: Kuti ma-Krestu kulo lonke ihlabati yeyona Nkokeli ne-Njengele yetu u-Mott lo, ngumaki wento ezinkulu owamiselwa lomsebenzi ngu-Tixo kwisizukulwana setu. Kutėlele u-Dr. Robt. E. Speer, wati ngamashumi amane eminyaka esebenzisana ngobuhlobo novuyo no-Dr. Mott. Kwalandela injinga yase Indiya u-Dr. Surendra Datta, yati ngu-Mott owavul' indlela kwizizwe zase Mpumalanga nowaqala waqonda ukuba zinamandla eli Zwini, wazivulela namatuba okubonisa oko zinokukwenza. Yabukeka into yokuba intlanganiso yezilumko engaka yomelele ekuyivumeni inkokeli yayo, iyihlonele, iyipakamise ungabiko nomona. Le yenye yezinto esinga ingade ifundwe yi-Afrika yakowetu. Emva koku kupendule u-Mott ngokwake ebindekile ngalamazwi, wati intliziyo yake izele kuba

namhla singene exesheni lokwaka umsebenzi omkulu, saye situnga umcàko omtsha wobuzalwana enkonzweni yom-Dali, nengqondo entsha, nonqulo, nozuko olusitsaba somsebenzi ogqibeleleyo ebomini bomntu. Ezindawo lomfo uzibete ngobuciko besi Ngesi esibubusi esandi xakayo nokusi còlacòla:—
"We have entered a creative period in the history of the work of our Lord to-day, knitting together a new fellowship of service of fresh thought, of intercession, and heroic service, the crowning honour in very full life." Ngamajubelo nje lawo entsiba zokòzi eziwa lupàpà! Indoda le liciko, qwaba! Ekubeni enyuliwe namanye amagosa kungenwe ezimalini kwafumaniseka ukuti eli-Qumru indleko zalo ngonyaka omnye ngama £10,000 aye ama-Bandla ase South Africa ese ngondilele abangeka rumi nedobilitye! Hai ukuba madolw' anzima kwetyalike zelilizwe nokuba umbàli lo ahlaulelwe ngabantu angabaziyo ukuze abe nokuya e-Jerusalem ngapandle kwama Wesile wona andiliza ngama £30, pezu kwe £100 lase Melika nama £20 apume esiqwini sam, pofu ndingummeli waba Ntu bonke abamnyama bom-Zantsi Africa, amanye ama-Bandla adale umkànya ngokuti li-Wesile eliya, asinandaba nalo tina! Masiyishiye ingako leyo. Emva koku

kugqitywe ngomcimbi wokuba imfazwe icàswe ngama Krestu onke, nokuba yeyobanina, kwanokuba abahambisi beli-Zwi bangabèneli ko-Rulumente xa bepantsi kwengozi zayo. Siye kulala sekusebusuku ngalomhla. Kuse iyi-Cawa yo-Vuko, Easter Sunday 8th April, savukela kwisimanga somtendeleko oqutywe ngumfundisi ongum-Tshetshi u-Rev. Canon Charles E. Raven D.D., wase Liverpool edibene nabezinye imvaba zo-Pumo (Non-Conformists) ama-Rabe nama-Wesile nama-Tiyopiya, njalo-njalo, awutya nati umtendeleko namanye ama Tshetshi! Vuma nawe mlesi ukuti sisimanga eso! Kwinkonzo yakusasa kushumayele ingqonyela yazo zonke intshumayeli zehlabati u-Dr. Robt. E. Speer, D.D., LL.D., wase New York, nge tekisi yo-Vuko (Resurection) intshumayelo endingasoze ndiyilibale bonke ubomi bam, kuba sonke besivuke sabulisana ngeliti u-Krestu uvukile namhla (Christ is risen to-day) kanti kukona sizakubucàzelwa ubunzulu bentsingiselo yalomazwi ngobuciko obatsho nati seva ngati asisapefumli pezu kwalo mhlaba siwaziyo.

* * *

Intshumayelo ye njojeli u Dr. Speer ndingoyiswa kukuyibalisa kuba sasi ngayibàli, sasiyimamele ngendlebe, nengqondo zixwile-

kile yi Vangeli, yaye indaba yotyelo ayikoli. Ama ngqandende endisawa kumbulayo ati: "Xa nifunda i Testamente Entsha qondani ukuti esona sitshixo sayo yi Krusi, umnqamlezo. U Paulose oyena mntu usondeleyo ku Yesu ngobubanzi be ngqondo nobukulu bengqobòko uti eyona ndoqo ye Vangeli luvuko luka Yesu ekufeni. Bonke onkanishe abayipika bopele imimangaliso yom Sindisi nezinye indawo e Bàyibileni bafika baxakwe yile nyaniso, bangabinako ukuyi tshabalalisa. Ama kòlwa okuqala ashumayela ukuba ngu Tixo um-Dali wento zonke, u Yesu ngum Sindisi ngo Vuko lwake nobomi obungena sipàko, nantso i Gospile eyaloyisayo ihlabati kwamhla mnene, nemasiyi shumayele nati; Uvuko olu ngawona mandla ayo. Nentshumayelo ye Pentekoste yashicilela kanye apa isiti ngu Yesu yena lowo " Ate u Tixo wamvusa "—(Izenzo 2 : 24)—nokuze ukùlulwe u Moya Oyingcwele. Ukuba yinyama (incarnation), ngamandla anokwenziwa ngu Tixo nentombi (u Mariya) ; kodwa u Vuko yinto enokwenziwa ngu Tixo eyedwa, amandla angena mlinganiselo ; uqiniseko lwe temba letu ekubeni belifile, ukuze eluhambeni lokuya e Emawusi bati " Tina besitembe ukuba nguye oza kukùlula u Sirayeli." Lolu Vuko ke olwadala ubu Krestu entlandlolo. Tina

okwenene simana sibona, sihambe sidanile, "kodwa linye itemba esinalo, likulowo Owavuka kwabafileyo." Nazo izijungqana zalo ntshumayelo ingumangaliso. Emva kwalo nkonzo kwayiwa e dinaleni. Malanga yateta ivalelisa inkokeli yetu u Dr. Mott ibulela ingqungqutela le ngobunye bayo emoyeni, ibulela nabaququzeleli bayo i komiti yase Jerusalem, nabanini-mzi bale Ntaba yemi Nquma, no Rulumente, namapolisa nama Bandla, no Bishop McInnes osibonise wasicazela ingontsi zomzi lo, no nobàla aba, namagqira ancede indwendwe ezikuhlaneni, watsho evula ituba leziteti wabiza iqikili letu sonke u Dr. Stanley Jones umbàli wencwadi yodumo esendiyi kankanyile, ote Camaguni! Bantu baka Tixo, sibonile namhla ukuvisisana kwemihlambi eyalanayo, abafundisi abamhlope nabamnyama, abasekaya nabasemzini, abadala nabatsha, abokòlo oludala nabolwezazi zelixesha (fundamentalists and scientists). Ewe izahlukwano zinyibilikile, asizi lamlanga, koko sizongamele (we did not settle these but transcended them), sibandakanywe ngu Krestu njengamhla u Petros washumayela nge Pentekoste mhla intliziyo zabeta kunye. Apa singama Tshetshi, naba Pehleleli nama Wesile ne Kwekala (Quakers) nama Rabe, njalo njalo,

kanti noko asitintitanga ukuteta, sibonise ukàlipo, sawoyisa umlingo. Kulandele u Dr. Yui wase China wati namhla sizibone ngamehlo indawo awayekuzo u Yesu kuba tina ma Tshayina sineqàlo eliti ukubona kuyakudlula kaliwaka ukubaliselwa ngomlomo. Kutete no Dr. Braga no Rev. G. Anet, no Bishop Wilkie waza u Miss Tilak wati umntu ozipate ngohlobo luka Yesu uyamkeleka e Indiya nokuba unjanina; waxaswa ngu K. T. Paul ote tina ma Indiya sifuna abandisi abafana no Rev. C. F. Andrews. U Dr. Hope usekele ngeliti impumelelo yetu ibe sekubeni besi soloko sitandaza kuyo yonke lengxaki besikuyo watsho enyanisile ke wena; kusasa yonke imihla siye emtandazweni sibuye sitandaze emva kwe breakfast elowo kwesake isikundla pakati kwemiti yeminquma, kupindwe kungeniswe umtàndázo ngentlazane namalanga, sigqibele kwangawo ngokuhlwa, gqolo yonke imihla. Kugqibele ngo Bishop of Salisbury ote kumbulani amazwi ati " Nanko u Yesu enandulele ukusinga e Galili, nombona apo;" i Galili ke likaya lelizwe lemihla ngemihla, nati ke masigoduke ngoku. Akuko nto ingangoku tandazelana. Kwakona u Yesu wati " Ukuba ababini kuni bate bavana ngento amabayicele iyakwenziwa lonto ngu

Bawo wetu." Ke masivumelane ukuba sitandazele amabandla amatsha namadala nabantu abangqondo zimke ne motokali nemidaniso nemigbobo yemidlalo equtywa nge Cawa, masitandazele imvuselelo ezweni lonke nomoya wobu Vangeli, nokuzincama, nobunye, nokunyaniseka ebugqobòkeni kwa nokuba sigqobòke ngokutsha okunokwetu. Utsho wahlala pantsi kute nzwanga sesi ngxamele ukuya esiguqweni tina ma-Wesile. Yavalelisa ngesiyalo esinga libalekiyo into ka Mott isiti kuyoyikeka ukwahlukana ngoku ; kunzima ukucamanga ngenkinge ezipambi kwetu kuba zifuua amandla angapaya kwawomntu, abe u Tixo yena esituma ukuba sisebenzise wona kanye, Nanga ke amacebo azinqobo (1) Sebenzisani inkumbulo njengoko u Paulos wamana ezi kumbuza esiti " Kanene andimbonanga na u Krestu i Nkosi ? " Kanti lusindiso lwake olo ngamaxesha esitukutezi sokuba yedwa, nasezincasweni. Nani ke ize nimane nizikumbuza nge Ntaba yemi Nquma apo niya kona. (2) Sebenzisani intelekelelo (imagination) nondele lomini izayo, elo lizwe litsha, lomava matsha, londalo intsha, lo Jerusalem i Ntsha, umbono omtsha, njengomfundi wase Edinburgh owati uyoyiswa kukumfumana u Yesu, waza walatiswa intsunguzi

yesinga kwatiwa nankuya paya, yiya kona uyakumfumana. Okwenene wamfumana. U Yesu akaze amlahle umlandeli wake xa lomlandeli ezilahlele enkonzweni yake (3) Zimiseleni. " Lowo unditumileyo unam kuba ndisoloko ndisenza oko andiyalele kona." (4) Sebenzisani intliziyo nobuzalwana. Akuko nto yenzakalisa ubuhlobo njengokulibalana. Wanga u Tixo anganisindisa kwisono sokulibala ukutandazelana ngobulali nokunyaniseka. (5) Yibani no Tixo roqo. U Yesu " wapuma ke waya *ngokwesiko lake* entabeni yemi Nquma " paulani lomazwi ati *ngokwesiko lake,* —(Luka 22—39) esiya kutandaza kuyo kanye le ntaba sikuyo, intaba yake yoxolo nokuhlaziya amandla. Okokuba u Yesu wayengena kwenza ngapandle kobudlelana no Tixo emtandazweni nati masenze njalo. (6) Sebenzisani ukǒlo. Utsho wahlabela i culo u Dr. Mott watandaza ngokwake wenza ufefe ngo 6.30 p.m. wayivala longqungqutela ingalibalekiyo sacitakala kubuhlungu.

* * *

Ngobusuku be Cawa 8 April sangena kumcimbi ongatandekiyo wokubopa impahla zetu ukulungiselela ukunduluka ngengomso sekuko abakwela ezi motweni kwangoko waye u Yergan ebeselefahlile kwa kusasa esukela isi

Kepe esikaulezayo e Port Said ukuya e England elusatsheni lwake. Wonke umntu wayeza kuvukela e Galili emgama uzi 109 miles ndaye mna ndiselusizini lokupelelwa yintsimbi nokuva into embi kukuposwa kukubona i Galili. Ngetamsanqa endingalaziyo elivela pezulu yada yavakala lonto yokuba mna andiyi e Nazarete sapandwa isizatu ngabandivelayo o Rev. John Mackenzie, M.A. wase Scotland no Rev. David Herron, M.A. wase New Zealand ndabona bebunga bedibanisa imali yokuba ndikwele ngayo ndingaposani nelungelo elingaka sendikufupi. Ndakohlwa nakubulela ndanga ndingalila ngokwenkazana lusizi nombulelo ko Pezu Konke opendule imi tandazo yama Afrika ekaya abe soloko endikumbule kwinzima zoluhambo. Okunene kuse olungaliyo ngom Vulo 9 April kwanyakazela imoto zodwa, kuvakala o " Good-bye, God be with you till we meet again on earth or in heaven," abanye besiya kuloliwe bambi besiya ezihotele edolopini, uninzi lwetu lusiya e Galili. Mna ndidibanisele nabafundisi ababini kwi moto eya e Damaskus edlula e Nazarete nase Kapeneyume e Galili, omnye esiya e Algeria, omnye e Syria. Sipume silurozo lwe moto ngendlela ekangele enyakato e Node, ecanda kumhlaba obomvu, ngemini emandi, ezolileyo, nefudumeleyo ; simana sidlula imi-

hlambi yc gusha ezilandela umkokeli wazo ohamba ecula ezibiza ngamagama, isikumbuza Indumiso yama 23. Sicande kumhlaba wesizwe sakwa Benjamin sayishiya ngekohlo indawo eyayi sakuba likomkulu nebòtwe lika Kumkani u Saule (I Sam. 10-26, 11-4 ; 13, 14 ; Isa 10, Hosea) nentaba i Anatote ne Anata. apo bazalelwa kona o Abiatare no Jeremiya (Isa 10, Jer. 1 ; 32) nencwàba lika Samweli, nendlela awaqutywa ngayo u Paulose ngamapolisa ama Roma esiwa e Kesareya (Izenzo 23-31). Pambilana sigqite e Rama (I Sam. 1-19 ; 7-17 ; 8-4 ; 24 ; Aba Gwebi 4-5 I Kum. 15 ; Mat. 2), sayiboniswa nendawo abaqonda kuyo abazali o Joseph no Mariya ukuba umntwana u Yesu ushiyeke ngemva akakò emkòkweni wabantu abavela e Jerusalem. Pambili sidlule e Bethel (Gen. 12, Josh. 7, I Kum. 12) nakwi ntaba i Gerizim. Emva koko singene kwilizwe lakwa Efrayime (Josh. 17) nase Shiloh apo yayigcinwe kona i Tyeya yo Cebano ekoyisweni kwa Kanana (Josh. 17, I Sam. 1, 2, 3, 4 ; Jer. 7). Kute ekugqiteni apo semisa kwiqula lika Yakobi eliya u Yesu wayencokola kulo no mfazi wase Samariya ngamanzi obom (Gen. 33; Johane 4), nakwincwàbalika Joseph (Josh. 24,) sawuboniswa nomzi wase Sikare apo umfazi lowo wayepuma kona ukuzakuka amanzi. Kwalatwe namatye amakulu adweliswe enziwa

isangqa apo i Ntsikelelo nezi Qalekiso zika Mosisi zafundelwa kona (Duter. 27.) ukuze zizalisekiswe ngu Joshuwa (Josh. 8 ; 24.), sayakungena e Shekem esinye sezixeko zembacu zasemabalini (Josh. 20, I Kum. 12). Ukupuma apo singene kwisizwe sakwa Manase nesixeko esidala i Samariya. Zikufupi apa intsika zamatye zika Herode nendlu yebòngo ka Ahab (I Kum. 22, II Kum. 6) kwanetafa le Sharon nesikundla sesixeko sase Kesareya, zaye sezivelile emgameni ngapambili intaba ze Tabor ne Hermon eyongamele isixeko sakwa Dan apo ipuma kona i Jordane ukuya ku lwandle lwe Galali. Pambili sibonisiwe i Tele apo u Joseph wabafumana kona abazalwana bake (Gen. 37). Kwimayile yama 68 singene e En Ganim kwisizwe sika Isakare yaye seyibonakala ngapambili i Nazarete. Ngasekunene yintaba i Gilbowa apa woyiswa kona u Kumkani u Saule ngama Filistiya ukuze abulawe nonyana bake o Jonatane no Abinadabi (I Sam. 31, II Sam 1), saba siyalingena ilizwe le Galili kwelotafa lodumo i Esdraelon lemfazwe ye Armageddon, indawo etandwa zimfazwe zakudala zo Faro nezama Kanana namu Sirayeli nama Juda o Gidiyoni, Debora, Baraki, Saul no Josiya, kwanama Grike nama Roma ne Crusaders nama Sarasine no Napoliyoni no Allenby. Lonto itsho sanogevane sakucinga

ezombali. Kwalapo sidlule idolopana eyi Jezerili, isixeko sika Ahab no Jezebele, (I Sam. 29; I Kum. 18; 21. II Kum. 8; 9; 10) ne-Beteshane (I Sam. 31), sazibonela kude intaba ze-Gileyadi ne-Endore apo u-Saule waya kuvumisa kona emagqwireni pambi kwedabi lake lokugqibela awabulawelwa kulo (I Sam. 28). Singene e-Nazarete emini ngo 12 oko sipume ngo 9 e-Jerusalem, imoto igqugqisa, umgama esiwuhambileyo ungama 87 emayile. Kute xa sisondela senyuka iqina elide kuba i-Nazarete ipezu kwentaba, imi ngokwe Nxukwebe e-Bofolo ne-Leribe e-Lusutu. Amabali ayo wafunde ku-Luka kwizahluko ezitatu 1, 2, 4, naku Marko 6. Ngase kunene sibonis we induli ekutiwa yi-Mount of Precipitation apo wayesiwe kona u-Yesu ngama Juda, ezimisele ukumqubula amwisele emaweni ngokwamagqwira akudala e-Nxaruni nase Mkubiso, koko yena wasuka wacanda pakati kwabo wahamba wemka, (Luka 4, ivesi 29). Ledolopana ye Nazarete inabantu aba 10,000 oko kukuti ingange Qonce yaye inequla ekutiwa lelika Mariya apo un'aka Yesu waye sakukà kona amanzi; nam ndiwangcamle ndazi pehlelela ngawo, bahleka abafazi abebetwele ingqayi beze emanzini lawo, bengaqondi ukuti ndiyasukula!

Kaloku i Nkosi u Yesu ukuze ibe ngum Nazarete nje yinkulelane yakona kuba waya kona selengumntwana oselehamba ekubuyeni kwabazali bake e Jipete apo ingelosi yayiba yalele ukuba basabele kona ukusindisa usana kuxanasi luka Herode owaye gebenga zonke intsana zase Judeya ekwėlezela ubu kȯsi buka Yesu. Eyona ndawo yokuzalwa yi Betelehem ezimayile ezintlanu ukusuka e Jerusalem usinga entshonalanga. Mandisendi balisa ngayo kwelituba pambi kokuba ndibuyele kwi Nazarete. E Betelehem ndasiwa emva kwe dinala ngom Gqibelo 7 April ngemoto ngu Dr. Hamilton Dyke unyana wompati we sinala yase Lusutu i Morija endandi pantsi kwake ngo 1899 ukuqala kwam ukupuma ekaya, kuba ubawo wayesiti mandifunde nesi Sutu hleze sifuneke ndakuba mdala, kanti uhlaba ekangele kuba namhla ndipila ngaso. U Dr. Dyke wayijikeleza ke idolopu yase Jerusalem wapuma nge Jaffa Gate sehlela entla kwentlambo ye Hinome le yayine sihogo somlilo, sayibona indawo ababemi kuyo abatunywa baka Senakerib bebiza abaka Hezekiya ezindongeni (II Kum. 18, ne Nduli ye Bũnga le Nkohlakalo) (Hill of Evil Counsel) apo u Kayafasi wayenendlu awati ama Juda abũngela kuyo ukuceba u Yesu. Ukusuka apo sidlule kum-Fula wezi Gebenga apo onyana

baka Anaki babemi kona (Num. 13) nalapo u Davide walwa amadabi amabini nama Filistiya (II Sam. 5). Ngasekohlo kwalatwe intlambo ezahamba ngayo izilumko ezazilandela inkwenkwezi nalapo zadibana kona nabalusi kwanecibi ezati zisela zabona kulo isitùnzi senkwenkwezi yase Mpumalanga eyayizikokele zada zafika e Jerusalem (Mat. 2). Kwa lapo nantso indawo awapùmla kuyo u Elija oko wayebalekela e Horebe i Ntaba ka Tixo, iti gqi ke i Beteleheme ikazimla kumi pambi kwayo i Nduli ye Paradesi apo u Herode akuba oyise u Antigone ngo 42 B.C. wazakela idolopu nebotwe lebòngo wancwàtyelwa kulo. Ibe yintsimi awati u Yesu edlula kuyo ngenye imini wabona indoda ihlwayela iertyisi wati. "Uhlwayela ntonina apo mhlobo wam?" Impendulo yati "Amatye," epòxa. Wati u Yesu "Uya kuvuna amatye-ke." Okunene yati yakuzakuvuna londoda yafika zonke inkozo zezo ertyisi zijike zangamatye! Ngase kunene sikesema sajonga incwàba lika Rakeli apo wafela kona umfazi ka Yakobi esenimbeni yokuzala u Benjamin ukusuka kwabo e Bethel befudukela e Hebron (Gen. 35). Lendawo inqulwa zinkolo zonke, ama Juda ka Mosisi, nama Slamsi ka Mohamete nama Krestu, abafazi balile esimantshiyane babe zi nyidilili lusizi lokuvelana nomnye umfazi. Singenile

e Betelehem siye kwindawo awazalelwa kuyo u Yesu safika kumi pezu kwayo u Nonzwakazi we tyalike ebizwa ngokuba yeyoku—Zalwa kwe Nkosi " Church of the Nativity " eyona tyalike indala kuzo zonke ezase Palestina kuba yakiwa ngexesha lika kumkanikazi u Helena 380 A.D. yaye ikupela kwe cawa esemi njengoko yakiwa yanjalo. Inentsika ezili 16 eziqingqwe ngamatye ezimpakamo uzinyawo ezima 20, zingqingqwa, zigude ngokwe bàstile le glasi. Ngangobukulu nobunzima bazo andazi ukuba zatwalwa njanina ukusiwa kona ! Ubudala bazo yimi nyaka eli 1,400. Sifike zipakati inkonzo zesikumbuzo sokufa kwe Nkosi kuba yayilusuku olulandela i Good Friday. Sinikwe izibane zokuba sihle amanyatelo amatye ukuya estalini kanye eso wabelekelwa kuso umntwana, saboniswa umkumbi wamahashe apo wayesongelwe kona ngunina baye abafazi belinqabula ngezipòkolo elolitye. Sakonjiswa nalapo izazi zase Mpumalanga zazihleli kona mhla zashiya izipo ze golide nentlakamhlope.

Esosibane sam ndisasigcine njengesikumbuzo sohambelo lwam unangoku. I Betelehem le yabe isisixeko sakwa Juda apo bazalelwa kona o Nkosi Elimeleki no Naomi, no Bohazi no Obede no Jesse no Davide no Yesu. Kangela i Bàibile ku Rute 1 ; I. Sam. 16 ne

17 ; II. Sam. 2, nesama 23 ; I. Kron. 11 ; Mika 5 ; Luka 2 ; Mat. 1 ; uzanelise ukuba izi Bålo ezi Ncwėle ziyinene ngobunene, namhla zingqinwa ngumwenu womtònyama. Usana ke lwemka nabazali basaba ngomyalelo we ngelosi bayakutsho e Jipete, bati ukubuya basebeyakuma e Nazarete le nditi safika ngedinala kuyo sayijikeleza kunene. Siboniswe isitrata samatye esinyuka induli apo u Yesu eseyinkwenkwe wayedlala kona namanye amakwenkwe, ungekabiko umtshongolo nombåyizelo ka Dwebile lo usisiqalekiso se Afrika. Ndingene evenkileni ndatengela u Nolwandle izicwecwe zesilika zokuhombisa itafile ezenziwe ngabafazi base Nazarete, kwanomnqamlezo obålwe i Nazarete owenziwe ngabacweli abasaquba ishishini le Nkosi apo kanye u Josefu no Yesu ngokwake wayecwela kona. Izitrata zalapa zimxinwa gqita zaye inkoliso zinyanyeka ngumgquba ongatshayelwayo kuba kuhamba mntu, nkamela, gusha, mbòngolo bòkwe, nkomo, kube zimpukane nenyosi kuba zipandle nezonka eziqatywe ubusi ne syrup. Abonakala eyinyaniso amazwi akudala ati kunokupuma nto intle na e Nazarete kuba nangoku ngumzi opantsi nodelekileyo. Andabisakutya nokutya kwakona ngokoyika izifo endandiyalwe kunene ngazo ngugqira kuba ndafika ndingaqatshulwanga ngakwizifo

zecesina nengqakaqa ne kolera eziyingozi enkulu kulo lonke eli, kwaye kwakutiwe mandiwazile amanzi nobisi, nemifino nayo yonke into etandwa zimpukane. Londlala yatsho ndemka ziwutile nengxeba endandizizuze esikepeni ekuyeni pesheya, kodwa yabusindisa ubomi bam ecicini lengozi. Siyishiye ngo 1.30 malanga i Nazarete intliziyo zisesifubeni luvuyo lokuwubona umzi eya kulela kuwo i Nkosi, sifunzele e-Tiberias umgama ozi mayile ezi 20, eselunxwemeni lolwandle lwase Galili, sadlula emzini oyi-Gath Hepper, ikaya lokuzalwa lomprofeti u-Jonah. Funda ku Joshua 19 naku II. Kum. 14. Apa sisizwe sakwa Zebuloni.

---

## Kwelase Galili.

Kute sakugqiba i maile ezintlanu yavuya kakulu intliziyo yam kuba simise emzini wase Kana yase Galili (Johane 2) salatiswa indlu epakati kwemiti kwatiwa ngulamzi u Yesu wasungula kuwo ukwenza imiqondiso mhla wajika amanzi wawenza iwayini emsitweni ka zibaningosho. Ukudlula apo singene esizweni sakwa Nafatali sati gqi esingqengqeni esivelele ulwandle lwase Galili abanye bati lulwandle lase Tiberias, lusezantsi nge-

nyawo eziliwaka pambili, sayakungena ngo 2.30 edolopini yase Tiberias emi pezu kolo lwandle, yaye itiywe ngomlauli ekwakupete yena ngexesha loku kruseshwa kwe Nkosi. Kangela ku Johane isahluko 1, 6 nesama 21. Apa kuko isisele esipantsi kwendlu eyi Golden House apo intloko ka Johane yanqunyulelwa kona ngalamhla kwangqungqa intombi ka Herodiyasi pambi ko kumkani u Herode owacwayitiswa wada waqabuka seletembise kuyo nayipina into ekwisiqingata sobukumkani bake. Lilapa nekaya lika Mariya wase Magadala, kwane Betesayida (Mark 8, Luka 9,) kwane nduli eyashunyayelwa kuyo intshumayelo yama tamsanqa eku Mateyu 5. Ulwandle olu loluya babizwa bekulo betiyela intlanzi abafundi bokuqala ukuze benziwe abalobi babantu, nalapo wahamba ngenyawo pezu kwamanzi u Yesu, nangokuya wavuswa elele, isikepe siza kutshona sisaqwiti elwandle, isizatu sale ngoma itandwa ngama sinala ku Sankey eti "Master the tempest is raging, carest thou not that we perish . . . . . . . . peace be still." Kwasuka koyikeka nokulu jonga ulwandle olunama bali kangaka. Ubude balo zi maile ezi 14, ububanzi 7. Ndacola-cola onorwece apa endinabo unangoku. I Kapernayume ibonakala ngemiti ele kolwandle, endite ndaqe-

sha imoto yokundisa kona imaile ezili 12 ngendlela eya e Damaskus yaye intaba ye Heremoni isitsala ngapambili imhlope liliqwa kwane ye Bashane ekutetwa ngayo kwi ncwadi yesi Tyilelo, izahluko 15 nesama 20 apo kutiwa " Ndabona ngati lulwandle lwe glasi lupitikeziwe nomlilo " nalapa " Ndabona i trone emhlope enkulu." Siyibonile ne Korazin ngasentla. E Kapernayume ndingene kwi sinagogo awayeqėle ukushumayela futi kuyo u Yesu ndafika sekusele amatye esiseko sodwa ndacola ingqalutyana ezimbalwa ezisekum nangoku. Ngale sinagogo funda ku Luka 7, Joh. 6 ivesi 59. Ekujikeni malanga ndipinde umkondo ndaya kutsho e Tiberias nase Nazarete ndifunzele ukuya kulala e Haifa kuloliwe wokugoduka. Ukupuma e Nazarete siyibone kwangoko intaba ka Elija i Karmel pambili sadlula apo u Elija walwa kunene naba priste baka Bàli (I. Kum. 18), sawuwela umlambo i Kishone apo u Debora wayivuma kona le ngoma yake idume kunene ngokuqanjwa ngu John Knox Bokwe kuba yayi dumisa uloyiso mhla lomlambo wawu bomvu ligazi laba priste bobuxoki baka Bàli. Singene sekusebusuku e Haifa ndalala kwi hotele yama Juda ndidinwe ndali kėkėsi, ndatandaza umtandazo ompompoza ezinzulwini zentliziyo ukubulela

izibele zokubona izimanga nokugcinakala ezingozini zohambo olunzima. Ndalala ndalutywàntsi, ndavukela kuloliwe ka 8 oya e Lydda. I Haifa le yidolopu enkulu ebantu bangama 30,000 emi kanye pantsi kwe ntaba ka Elija i Karmele. I Karmele le yindawo yobuhle nokucùma komhlaba (Isa. 35 ivesi 2, Jer. 46 i vesi 18, Sol. 7 i vesi 5) laye igama layo liteta i Bòma le veyini le Nkosi. Ipakati kwe Tire ne Kesareya le wadlula kuyo u Paulose. Emva kwayo kubaleka umlambo i Kishone ka Debora. Nemfundi yodumo u Pythagoras yaka yangum-mi apa. Kulapo walwa kona u Elijah naba priste baka Bàli (I Kum. 18). Okunene sinduluke ngo 8 wakusasa apa sadlula enxoweni le Kesareya eyakiwa ngo 25 B.C. ngu Herode wayitiya ngo Cæsar Augustus yaba lelona Komkulu lama Roma elamana ukuhanjelwa ngo Filipu no Petrose no Paulose njengoko sifunda njalo kwi Zenzo, ezahlukweni 8, 10, 24, 25, 26. Encamini ye Karmele kulapo u Elijah waye wenzela kona amadini (I. Kum. 18). Kute xa sisondela e Lydda sabona intsika ze tyalike engakwi ncwàba lika Tabita no Dorkasi e Jaffa (i Zenzo 9 i vesi 36—43) sayakungena kwi tafa le Sharone emideni ye sizwe sika Dan, safika e Lydda, apo sidibene kona nololiwe

ovela e Jerusalem endandi hambe ngaye ukuya e Ziyone. Apa ndoke ndicaze amabali endawo esadlula kuzo pakati kwe Lydda le ne Jerusalem. Kwi maile yama 20 kuko umzi oyi Ekron apo ama Filistiya enzakala kanobom yi tyeya ka Tixo (kangela I Sam. 5 i vesi 10 nezahluko 7, 17: II. Kum, 1; Tsefaniya 2, Zak. 9). Ukusuka apo indlela igqita kwintlambo ka Ela apo yayi jamelene kona imikòsi ka Saule neyama Filistiya ukuze u Davide asibulale isigebenga u Goliyati (I. Sam. 17), idlulele e Bethshemeth apo yabuyela kona i tyeya (I. Sam. 6 naku II. Kum. 14), igqibele ngetafa le Refayime (II. Sam. 5) iyekungena e Jerusalem. Ngoku ndibuyela kwisitishi sase Lydda (ngesi Xosa kuse Lida) apo waka wahambela washumayela i Gospile u Petrose wenza nemiqondiso njengoko i Bàibile isitsho kwi Zenzo, isahluko 9 i vesi 32—38. Kwabamnandi apa kuba sadibana kona nabetu ebesiba shiye ngezolo e Jerusalem besiya kuloliwe logama tina besisinga e Nazarete nase Galili, zalapo nezihlobo zam o Revs. J. Mackenzie no D. Herron, ngoku sindlela nye ukuya e Suez Canal kulwandle olu Bomvu nase Jipete. Siqale sabona i Ashdode isixeko sama Filistiya esinembàli ezininzi eziku I. Sam. 5, Isa. 20, naku Zefaniya 2. Ikwa yilendawo kuti-

wa yi Azoto kwi Zenzo, i sahluko 8 i vesi 40 apo u Filipu wafunyanwa kona akuba ebeli pehlelele i tenwa elalifunda isi Bȁlo likwele enqweleni lingayiqondi into eliyi fundayo. Wonke lommandla kuse Filistiya yama ndulo apo lipuma kona eligama le Palestine. Nawe mlesi unga telekelela ukuba sagqobȍka ngokutsha sakubona ngamehlo ezindawo zinamabali asemanyangeni.

* * *

Kumayile yama 37 silungelelene nesinye sezixeko ezihlanu zama Filistiya i Ashkelon esinembali zesizwe sika Juda nama Jipete nama Grike nama Roma ne Crusaders no Richard I. wase England. Funda nangohambelo luka Samson: Aba Gwebi 14, I. Sam. 6; II. Sam. 1, Zef. 2, Zak. 9. Ukugqita apo sagaleleka e Gaza le yayivuma ngayo i Fort Hare Choir ngo 1921 kwingoma eti "The Destruction of Gaza." Okunene sifike kuzigede zama nxowa abonisa umkondo wemfazwe ezintsha nezafamlibe kuba yayisesinye sezixeko zama Filistiya. Ngohambo nokufa kuka Samson apa kangela kuba Gwebi 16, nako II. Kum. 18 nakwi Zenzo 8, nasencwadini ye Mbongi ye Sizwe u S. E. Mqayi egama lingu "Samson" kongaba unayo, kuba ndagqibela itengiswe yapela. Uya nconywa, kunjalonje ubonakala, nomonakalo owenzeka ngemfazwe yama Ja-

mani (1914—1918) kuba ama Turk aqėkeza intungo, nopahla nomgangato wayo yonke into eyindlu yalapo arolonca nefestile, agungxula neminyango, esenza inkuni zokubasela ololiwe ngenxa yokunqaba kwamalahle, aza ama Ngesi emva koko ayi gqogqa ngohlwaya (shells) lwe ruluwa nenkanunu ekutiwa ngo mbȧimbai. Ecaleni lomzi lo siboniswe incwȧba loyisemkulu ka Mahomete, kwane ndulana ekutiwa wawatwȧlela kuyo amasango u Samson (aba Gwebi 16). Lololiwe ucanda elizweni eliyintlango; umgaqo wenziwe ngo 1917 kusiliwa, kwabulawa ama Ngesi angama 10,000 oko kukuti kwafa ama joni angama 27 ngemaile enye! Hai ukalipo lwama Ngesi xa alwela into ayikolelweyo! Sifike ngo 5 malanga e Kantara isitishi esipezu ko Lwandle olu Bomvu (Suez Canal) ekutiwa kulapo bawela kona o Abraham no Joseph no Yakobi ukupuma ePalestina besiya e Jipete, kwano Sapo olu Ngcėle abazali baka Yesu ukuya nokubuya kwelo.

---

## E-Jipete.

Njengokuba ingumda lo wokungena e Jipete impahla yetu kutiwe masiyivule, yayalulwa kunene zizikwėnxe zama dindala, sangena esikepeni sayakutsho ngapesheya kuloliwe

opuma e Port Said otabate iyure ezintatu ukuya e Cairo ikomkulu lo Rulumente wase Jipete, neyona dolopu inkulu e Afrika kuba abantu bayo sisigidi (one million), iyiginya kahlanu i Johannesburg ! Amapepa ayo ashicilelwa amalanga onke (Daily Papers) li 115; kuwo awesi Arabic ngama 55. Intlanga zonke, nenteto, zifele apa ! Into yokuqala endandisongele ukubona yona sisidumbu sika Faro lowa wayetshutshisa ama Sirayeli ; kuba zonke inkosi zama Yeputa xa zincwåtywa aziyekwa zibole ; imizimba yazo iyaqwayitwa (embalmed) ifakwe amayeza agxota impetu. Okunene ndiye e Museum ndabona izinto ezininzi zasemanyangeni, nezidumbu (mummies) ezininzi ndada ndafika ku Rameses II. ("Pharaoh of the Oppression ") nonyana wake u Meneptah II. (" Pharaoh of the Exodus "), umkůmbi upakati kwetyeya ye glasi ; umfo ngumnconcosholo owawupaya ngobude uncipile isibili esi, unenqayi epela ngenqintsi, iraulwe zinwele ezingwevu zobuxego ; impumlo luqozolo olufana nezabelungu bakudala ama Satlani asema Xòseni ; umlomo uvelise amazinyo usinekile ; iminwe ibėke pezulu, inzipo zinjengoko wafa zinjalo ntonje inyama yonke ibengezela njenge yomqwayito pofu ngati ludongwe lomhlaba obu-bomvura. Ndimondele kunene lomfo ndicinga okubaliswa

ngaye ezi Bàlweni ndamshiya ndisiti hai-ke ndiyigqibile i Jipete oko ndibone u Faro; ndiya kuya ekaya ema Xòseni ndipete indaba ezinkulu nezenene zento endiyiboníleyo. Esinye isimanga endisiboníleyo yimikumbi esibòzo eyayincwàbe u Kumkani ogama lingu Tut-ankh-Amen evunjululwe ngo 1922 kwafunyanwa omnye upakati komnye yosibòzo; ihonjiswe nge golide nobunewunewu bobutyebi. Lenkosi ineminyaka ema 3,003 yafihlwayo, yaye iyeyokuqala encwàba libonwe linjengoko lalinjalo mhla wafihlwa, kuba amanye abàqwa selepàngiwe kakulu ngamasela. Ikonenteto eti bakolisa ukulandelwa lishwangusha lokufa okungaziwayo abantu abavumbulula lamancwàba bemke nento ezikuwo, kuba kwafakwa itumelo lobuti mhla kwafihlwa! Nangoku bamana ukuti qwaka sisifo esingaziwayo esesingumjojo kubo abantu abamkùpùlulayo u Tutankhamen ngo 1922. (Ndidlule kuncwàtywa omnye wabo e London eku godukeni kwam.) Malanga ndikwele ku tram obaleka ecaleni lomlambo i Nile, owona mlambo mkulu kuyo yonke i Afrika, sawuwela ngeblòro ka Abbas, into engati ay[illegible]sipelo, sahamba imaile ezisixenxe sagaleleka kwindunduma (pyramids) zase Giza, indunduma ezakiwe ngamatye amakulu zaye zipakame ngangentaba. Lamatye ambòmbò-ne (square),

ubukufu belitye bungange nqugwala lasema Xôseni. Yintsongapicili nanamhla into yokuba kanene atiwanina ukubekwa elinye pezu kwelinye ade abe ngange ntaba ? Yimisebenzi yo Faro ke leyo. Ezindunduma zimi pezu kwamancwàba o Faro. Ziliqela. Eyona inkulu yakiwa malunga nexesha lika Mosisi ngonyaka 3750 B.C. yi Kumkani u Khufu Cheops. Ubude becala layo zinyawo ezima 755, igqume umhlaba ozi akile ezili 13, umpakamo zinyawo ezi 451. Lontaba ndiyizungeleze ndikwele eqegwini lo ndlebende. Pambi kwayo kumi i Nkinga, The Sphinx, ilitye lodumo eliqingqwe labubuso bomntu onamadlebe nomnqwazi owe ngemva, umzimba ungowe ngonyama. Ubude beli bùbesi zinyawo ezili 150, umpakamo we ntloko ngama 70, amatùpa ngama 50 enyawo ubude. Ikangele e Mpumalanga. Sesona simayile sesimakade soyikekayo e Jipete esiti umntu akusikangela ngobusuku mhla inyanga iliqausi singe sisangcunge esongamele lonke ihlabati. Liti iciko lasema Ngesini " There is a mysterious sense of unfathomable knowledge about this timeless figure." (Tolikani ke makumsha !) Umninawa u Alexander utolika ati " Malunga nalomfanekiso watyidwa kumandulo atanci kuko isintsompoti solwazi olubunzulu bungena kufikelelwa kukuqonda." I Cairo le inetyalike

zama Slamsi (Mosques) eziliwaka : " The city of a thousand Mosques," ezibuninzi budlula zonke ezinye idolopu apo anqulwa kona u Mahomete. Ndajikeleza kunene ndizibuka ubuhle bazo nezompobole ziya esibàkabàkeni.

Ngobuhle i Cairo sisixeko angake ahlale ituba elide umhambi ebuka izinto ngezinto : izikolo ezikulu zemfundo epakamileyo, endada ndafika kuvulwa esinye esitsha sama Melika ndamenyelwa kuso ngumhlobo endandifikele kuye u Dr. S. M. Zwemer D.D. endamqela ngentshumayelo ezinkulu zake e Johannesburg ngo June 1925. Ndavukwa lilunda ndakubona i Profesa ezimnyama zase Jipete zigalele iminweba nezidabane zobuncilagotshi. Ndihambele nakumzi womanyano lwamadoda angama Krestu (Y.M.C.A.) ndafika epikisana nempi ka Mahomete ngezonqulo. Andisateti ngamapoma ehotele nevenkile ezinomtsalane, kanti obona buhle busemlanjeni i-Nile apo kunyuka kusihla izikitshane namapenyane, kumile imiti ebukekayo emikulu enezitrata no tram pantsi kwayo, kwanabantu abamadoda azinzwana onke, kunye nenzwakazi zawo ezifanelwayo zigqubutelo zobuso zonqulo luka Mahomete nazingqayi zamanzi entloko. Sesona sixeko sanditimbayo koluhambo. Ndisishiye ngolwesi Ne 12th April ngololiwe oya e

Alexandria ekute sikwele kuye sabona kupapa i Aeroplane ezininzi zelozwe. Kaloku noko lipantsi kwama Ngesi nge Mandate ye League of Nations ama Jipete wona awateni nalonto afuna ukuzipatela poqo ngokwama Búlu eli letu. I Palamente yabo ayina Ngesi. Botuka bahleka bakuva ukuba mna ndipetwe ngabelungu ezweni lam, andinalo nè lungelo lokuya e Palamente, bawukuza lowomhlola pofu ndabaxelela ukuti lixesha nje alikafiki kuba isaqala ukufika imfundo epakamileyo yona iyakusivula ingqondo yokuba sibe nokuwabanga njengabo amalungelo okuzilaula. Kakade akuko lizwe linokupatwa ngabantu abanga fundanga ngezimini. Izidenge zosoloko zaba lilifa labanolwazi. Kulendlela yokuya e Alexandria sicande kumasimi acumileyo ancenceshwa yi Nile, inkamela zisapuka imihlana yimitwalo yesivuno. Andiyilibali inyamakazi enamandla ukutwala iflara engangeyesikotshi sipela iyodwa. Singene emini e Alexandria ndasendisiya ngqo esikepeni i " Italia " endaziva ndisitanda ndisasibona kuba umbombo waso ujonge ekaya e Europe.

---

# E Europe.

Zayawankulu indleko zoku shiya ululiwe noku kwela ezibukweni. Kwamandi uku fika bengama 40 abantu endibaziyo abavela e Komfeni e Jerusalem begodukela koma Melika, China, njalo njalo. Esisikepe sasizole ngokungati yindlu esemhlabeni, ndabàla amanqaku amaninzi. Nolwandle lwaluzole yonke indlela ; kwala ngom Gqibelo 14 April safika e Sicily sayibona intaba enomlilo pakati i volcano eyi Etna e Sicily emantla e Syracuse kwahlwa singene e Strait of Messina yanga sekunene i Italy, nge kohlo iyi Sicily, kwasa nge Cawa 15 April seyibonakala ngomqulu womsi intaba ekwanomlilo i Vesuvius epezu kwe Naples apo singene kanye uku puma kwenkonzo zokuqala, imbejembeje yedolopu enamanangalala ama hlwempu, impula zika lujaca zona, esezipile kukufika kwenqanawa ezi. Ndiyicite apo yonke lomini ndibona ofani ngofani ngokukodwa lentaba iqùma umsi ixesha lonke. Yiyo le yaka yatyekeza udaka olubilayo kudala yagqumelela idolopu yase Pompeii ipela unanamhla. Abantu babehombe befatyile kuba iyi cawa kakade. Ndipume ngololiwe wapakati

kobusuku ukuqalisa uhambo lwam oluzimayile ezili 1,200 ukuya e London pezu kwama 2,000 okupuma e Jerusalem. Kuse ngom Vulo sise Roma, isixeko samabali endingeze ndiwafeze apa. Aka Paulose asencwadini yake kuma Roma, amanye asezincwadini zezikolo kuba yile Roma kutiwa ayimiswanga ngelanga elinye. Sime ituba le yure ezimbini apa ndabona inxowa lesangqa (arena) apo ama Krestu akudala ayeposwa ezingonyameni nalapo kwafakwa u Androcles kwanabanye abagwetyelwe ukufa. Ndipaule nentsika zamatye ezitwele ibloro enganasipelo eyayi ngumcancato wamanzi, kwanentsalela zendonga ezaziraule isixeko sonke. Ekupumeni siwele umlambo wodumo i Tiber emsinga ungangowe Gqili ne Thames yase London. Ngulo sawufunda ezikolweni kwizi bongo zika Macaulay ngo Horatius :

Then out spake brave Horatius,
  The Captain of the Gate,
To every man upon this earth,
  Death cometh soon or late,
And how can man die better,
  Than facing fearful odds,
For the ashes of his fathers,
  And the temples of his gods.

Kute sakungena eblorweni yalomlambo ndeva sendi danduluka ndisiti :

O Tiber, father Tiber
    To whom the Romans pray
A Roman's life, a Romans arms
    Take thou in charge this day

ndikumbula ubukwenkwe bam e Lovedale ngo 1900 sifundiswa ezi zinto ngo Zibi u Chief Shadrack, singazi ukuti omnye wetu woze ayibone nene-nene le Tiber! Sili nyuke lonke elozwe laliyi Etruria, sayishiya ngase kunene i Florence ne Cortona eyaka yagqutyelelwa ngu Hannibal umdaka wom-Africa onconywa ngu Livy oti ngaye "Hannibal quod agri erat inter Cortonam et lacum Trasumenum pervastat," oko kukuti u Hannibal walityakatya lonke elozwe lipakati kwe Cortona necibi lase Trasimene. Sayakungena e dolopini yodumo lorwebo kwakudala i Pisa.

From the proud mart of Pisa
    Queen of the western waves
Where ride Massilia's triremes
    Heavy with fair-haired slaves

Nondixolela balesi, sendi libele ukuba asingobafundi bakwa Nokoleji aba ndibàlela bona ezindaba, ingqondo seyixwiliwe kuku hloba kwentliziyo yaya kungena kozi Latini no Macaulay!

Abantu abane Map okanye abasayikumbulayo i geography boqonda ukuba i Italy

inamakwàpà amabini i Gulf of Genoa ne Gulf of Venice. Ukuya kwam e Ziyone ndehla ngelase Venice ne Adriatic Sea ngoku ndibuye ngelase Genoa, ekute ukusuka e Pisa sangena kuloliwe obaleka ngamandla oyikekayo ogqita e Spezia nase Levanto ngesi manga somgaqo ogqojozwe ezintabeni zamatye ezipezu kolwagciba lolwandle, ekuti kwakuvela isituba sentunja apa elityeni sibone pezu kwamanzi olwandle, lwaye lusilwa kangangokuba amanzi amaza abeta futi efestileni zetu nje ngase nqanaweni. Yinto endoyisayo ukuyibalisa ubuhle bayo into yalo loliwe owangena seku ratyele e dolopini enkulu i Genoa.

* * *

I Genoa le ikangele e-Corsica, ikaya lokuzalwa lika Napoleon, u-Tshaka wama Yerepe, yaye i-Corsica ingentla kwe Sardinia, ekangelene ne Tunis yase Afrika. Yidolopu elizibuko elihanjwa kunene zinqanawa ezipuma e-Marseilles 200 miles, Barcelona 350 miles, Gibraltar 845, Naples 355, Messina 492, ne Port Said 1,300. Ukusuka kuyo sifunzele e-Turin, ingasaxinene ngako itreni, sanyàkanyeka sadala ubintshintshi ngezoyure zintatu ibaleka isibèkede inqwelo yomlungu. Ledolopu yase Turin siyi ngene ebusuku kodwa yabonakala ukuba sityatyabesha ukuba

nkulu, yaye idume ngokuba yayisisikululo som-Afrika omkulu u-Hannibal injengele yase Carthage malunga nomnyaka 218 B.C. esiya kuhlasela ama Roma. Apa ndihlelwe lilishwa lokufika selemkile ulolíwe endandimelwe kuku tshintshela kuye, yatsho lonto ndasisimayile ukudana, ndawa amapiko kuba ndizakuposana nosuku łokungena e London. Imbangeli kukuba amaxesha ayaguqulwa yakungena intlokohlaza e-Italy ngo April, ndabe ndifike lomhla kuse eguqulwe. Kute ndiyilo nkongolo ndacetyiswa li-Ngesi elalilapo ukuba ndingene kwezo zikoyo itreni nokuba zinjanina. Okwenene ndingene kwezicotayo ezimana zisima ematafeni akwanti kuba zigutsi nemidlambila, yambi ke mfondini i-3rd class ngoku kwakungena amakàtshakòwa abantu bonomkehlana (local trains), ndaziva ndilu fondora pakati kwalo mafuqasi xa sebetsica betsho ngamacibi. Ndinyamezele njalo sada sawungena umda we-France e-Modane ikepu lisiwa lizingqweqwe, zayawa goqululwa impahla zetu kulongqele pakati kobusuku, sigodola, silambe sazimfabane. Kulapo lube nzima ngolusizi oluhambo. Ekuseni singene e-Chambery sehla salinda kanobom sada sakwela kuloliwe oye wasishiya e-Culoz apo zidibána kona indlela ezivela e-Geneva nase Lyons.

Silinde apo iyure eziliqela ndazilibazisa ngokubàla lamanqaku, iyinkohla ukuncokola nabantu kuba ndisisi hebetu esingeva nto ngenteto. Kude kwafika oya e-Dijon one 2nd class yodwa, ndarola imali yokunyuselwa okwelotutyana, ndaka ndatya ubomi. Kute kunjalo kwangena usizi lomfana olijoni esezinyembezini lucingo abizwe lulo oluti umkake nemvekwana ezimbini bagilwe yimoto ngezolo bafu bobatatu yilongozi. Olusizi lutsho kwakubi nakum, ndambopa ngamazwi koko ndoyisakala zapuma nakum inyembezi ndicinga lento nangolwam usapo esekuyinyanga ndingalwazi nokuba lunjanina empilweni. Kute sakufika e-Dijon, xa ndizakuhla ndibuyele e-3rd class wala lomntu ukuba ndimshiye wanditandaza kabuhlungu ukuba ndimhlalise de kube se-Paris, waxolela ukuzihlaula nendleko zetikiti esiti imali ayisenamsebenzi kuye uzakufika azidubule afe ekaya ancwàtywe nosapo lwake. Ndamnqanda kulonjongo ndamomeleza sada sahlukana e-Paris apo sifike pakati kobusuku, ndalala e-Richmond Hotel ndidinwe ndalikàmkàm, ndalala kwada kwango 10 wemini elandelayo. Ilishwa lokuposwa yi treni e-Turin, lijike lalitamsanqa ngoku kuba ndabàqana nenyweba yosuku oluzeleyo lokujikeleza udibona i-Komkulu lama French.

Ndiqale ndaya e-ofisini yaba qubi be Lizwi ese-Boulevard Arago, apo ndamkelwe ngobubele obungatetekiyo besiti bebesand' ukufikelwa zindaba ezivela elu-Sutu zibalisa ngomjikelo wam ezikolweni zabo kwelo, bebendazi kakade ngokubàla emapepeni nasezincwadini. Lama French anditąbatele pezulu nangenxa yokuba ndibapangele ababo abatunywa base Jerusalem, basebemema intlanganiso yangokuhlwa yokuba ndenze indaba nge Ziyone. Ndiqale ndasiwa edinaleni kwihotele enkulu, bandiqeshela imoto yokundibonisa idolopu le ngokutshetsha bekupa ikohlombe lokundipèleka liteta isi French sodwa. Okwenene ngenjikalanga lomoto yenze amatshelu ukujikeleza, yaqala e Notre Dame enye yetyalike ezizotywe ngobugcisa kuyo yonke i Europe, ingu-gxa we St. Peters e Roma ne St. Pauls e London. Andinawo amazwi ayintanga yobuhle endabubona apo. Ndiyekela kwintelekelelo yako mlesi. Ukugqita apo ndisiwe kwenye eyi Magdalen Church, esinye isimanga wena; nakwi Archeveh Square esipezu komlambo i Seine, ndaboniswa nozozobe lwesitrata i Paris Boulevard esidume ngokuba sesona sitrata sihle ehlabatini, umtsholozi owatsho ndema umzuzu ndiwutė-nzo ukuwondela; ne Place du Carrousel enezitiya eziyingcobo ukubukeka, ne Opera

House umkàngo webòtwe lengoma, nencwàba lika Napoleon elihonjiswe ngamabòngo okugqibela obucopo bomntu, namapoma ezindlu zika Rulumente izi-ahaha zona ; ne Colonne Vendome isakiwo ekulondolozwe kuso amaxòba aweza no Napoleon kwizizwe azoyisileyo ; ne Arc de Triomphe de l' Etoile apo kuncwàtywe kona i joni elingaziwayo le Ntlekele ka 1914-8, nezinye indawo endingezifezi apa. Sigqibele nge Eiffel Tower esona sakiwo sipakame ngapezu kwazo zonke ezinye kweligada lika Adam. Umpakamo waso zinyawo ezima 984. Senziwa ngentsimbi ngo 1889. Ububanzi bembòmbò esimiswe pezu kwazo bungalizalisa ibala lemalike yase Komani sibe sona sinyuswe salucenyu encotsheni pezulu apo ibonakala kakuhle yonke i Paris nabantu bayo abazi 5,000,000. Kunyukwa ngezitezi (stairs) nangololiwe wempundulu (electricity). Mandibeke incà apo. Ukubuya kulemibono ndiye entlanganisweni ebibizwe ngesikàu ete ibiyeyomtandazo yaseyijikwa yayendaba ze Jerusalem. Emva kwayo kususwe ihlakani layakundikwelisa kuloliwe wasebusuku oya ezibukweni lase Dieppe apo ndingene enqanaweni ewele i English Channel yandihlisa e Newhaven ndahamba ngololiwe ongene e London ekuseni ngolwesi-Ne 19 April ndafika sendilindwe sisipo se 10/- sika Pahlana kwa-

mandi ukudibana nenteto evakalayo ezindlebeni isi-Ngesi emva kokuba sihiba nesimumu ituba elide ezizweni. Ndipozise amasoko, kwasa ndiyakukwelisa u Yergan nosapo lwake besiya e Kapa nase Dikeni, ndane hokoha ukushiyeka ngemva kubautu abaya ekaya. Kuhlwe ndinika i Lecture kumanyano lwama Afrika (Union of Students of African Descent), kwasa ngom-Gqibelo ndihanjelwa ngu Pahlana ngenqu, ugcadala lwe cubanzipo olugalele ujobela omanzi womtika nompantshwa opaya womnqwazi omnyama, eze necuba le 10/-, ndamangaliswa ngumntu osigcinileyo isi-Xôsa eneminyaka elishumi epesheya. Yeka-ke intswahla yokubungezelana kwabantu bazweni linye, yatsho kwavela nelesibôzo izinyo. Lomfo undibuke njalo wada wandibulisa ngeponti mhla ndakwela, yantle into yokunonelelwa kangaka ngumkàya onesisa pakati kwezizwe. Icawa 22nd April ndiyivume kwi-Society of Friends (Quakers) abandicele ukuba ndishumayele nge Afrika nange Ziyone. Um-Vulo waba yimini yokuleqeka apa nangapa kuba ngo 10 ndavukela kwi School of Oriental Studies, London University, enomakàkàka welwimi zesi-Afrika u Professor Alice Werner, M.A., D.Litt., oteta ilwimi ezili 17 zase Mpumalanga ukususela kwa Zulu kuse e Nyasa. Incwadi zake ndifundisa ngazo ku-

Nokoleji. Yingcapepe yentokazi eseyikulile, eyandenzela ububele yandipa nesipa sencwadi. Ukusuka kuye ndihambe imayile ezisixenxe ukusinga kwicala elingezantsi le London ezi-ofisini ze London Missionary Society apo nda-mkelwe ngomoya wobu Krestu benene nda-menyelwa edinaleni ngu Nobala u Mrs. Irene Parker Crane, M.A., endimazela e Jerusalem. Ukupuma apo ibe luhambo olunobom ukuya ezi-ofisini zesikepe ukuhlaulela indlela yokuya e Kapa, kwahlwa ndisedinaleni kwelinye ilizwe kwase London kwisi handiba esingu Hon. Hugh Wyndham owaye lilungu le Palamente yelilizwe, ndabukwa kunene nguye nowakwake benenjinga engu Lionel Curtis ipakati elipambili lo Rulumente we Britani,—ocwenene bama Ngesi-ke lawo ! Siye kunye nabo ngemoto kwintlanganiso ezukileyo ye-ngcungcu ezimilom' ibomvu ebimenyelwe mna lumanyano oluyi Royal Institute of International Affairs kwi botwe endapantsa ndoyika nokungena kulo i Chatham House, St. James Square, Piccadily, London, S.W.I., apo ndapiwa ituba lokucaza yonke imeko yomntu ontsundu welilizwe embusweni. Ndaqongqotela ke wena. Ngolwesi-Bini ndi-celwe ukuba ndihambele kwindawo eziliqela ndayinyuka ndisihla i London sendiyiqelile ngoku, ndati ndise Bayswater ndaye ndise

Sloane Square nase Russell Square nakoma Wimbledom ndaya kulala sebusangene ubusuku ndidinwe ndilikàmte.

Ngolwesi-Tatu 25, April, ndavelela abahlobo bentlanga ezintsundu, i Anti-Slavery and Aborigines Protection Society e Vauxhall Bridge, S.W. kwanabe International Labour Office ndababalisela ngemeko yabantu belilizwe, baneliswa. Kute kusihlwa ndayakutsho kwelinye icala le London eliyi Golders Green ndenza inteto (Lecture) kwi Students' Christian Association kwangentlalo yetu kweli; ndabelezelwa kunene ngalomakolwa. Ngolwesi-Ne ndabekwa kwiwonga lokuba ndinike enye inteto kwimfundi zase King's College, University of London apo wafunda kona u Prof. D. J. Darlow wase Kolejini e Fort Hare ndayalezwa ukuba ndikumshe ngesona si-Ngesi sicwengileyo sama Britani ukuze izityudini zibone ukuba lufikile ukanyo nakum-Zantsi Afrika. Kuhlwe ndikwenye intlanganiso nditeta kwizityudini zegazi le Afrika (Union of Students of African Descent) eyonganyelwe ngu manka ongu Mr. Ladapo Solanke, M.A., LL.B., B.C.L., nomakàkàlala u Dr. J. B. Danquah, B.A., (Hons), LL.B., (Hons), Ph.D., (Lond.), F.R.C.I., ingqondi zase Nigeria zombini, ezifunde zangcangcazela intloko, ezindenzele imbèko notando olungumangaliso,

nalapo ndatunywa ukuba ndisome ndincotule iziciti, ndishiye endingalaziyo. Ndaba ndiya valelisa lomini e London. Ngolwesi-Hlanu 27 April ndibuliswe ngeponti ngu Pahlana ndakweliswa kuloliwe e Waterloo Station ngama Afrika, yekoko ukusinga ezibukweni lase Southampton, ndakwela kwixego lenqanawa i Kildonan Castle endawela ngo 1903 sekukudala ihamba kade. Ngoku ibiseyino nyaka ingasahambi, idale ingova apo e Southampton de kube namhla, into etsho ndarana ukuti hleze intsimbi zayo zibe sezinerusi ; kanti ndiqashe ngakona kuba imashini ihambe ikataza, kwakubi xa umpati wayo emana ukusiqeqesha ngedrili ye Life-Belts elungiselela ukutshona kwesikepe. Pofu sihambe kakuhle ekusukeni senza ezimaile ngemini : 294, 362 (Biscay), 366 (Gibraltar), 290 (Madeira), 269 (Canary Islands), 362 (Cape Blanco), 374 (Cape Verde), 363 (Sierra Leone), apo sitshutshiswe simanga sobu shushu nezipango ezabaneka kwalumeza, indudumo zidubula kufupi nati, pofu sasinda, 348 (Liberia), 341, emdeni we Equator, 339 (Tanganyika), 341, 351, kwala ngolwesi-Ne, shwaqe yapuka intsimbi equba imashini sikwa-nti, sema iyure eziliqela kukandwa lontsimbi, sigubà luloyiko sakuwa ngapa nangapa isikepe sikohlwe kuhamba, kuba xa simi ezinzulwini sisuke sizule

sijikeleze, saqala nati ukuyotuka ubunzulu bayo lento ilulwandle. Zanceda izilumko zabelungu zayingciba lontsimbi, sahamba senza 324 salungelelana ne Victoria Falls, 351 (Swakopmund), 359 (Louderitz Bay), 354, soyiswa kukungena e Kapa ngosuku lomteto, lonto yamotusa umhlobo wam owayeyekundihlangabeza, u Rev. J. Matshiqi, into yasema Ntshilibeni eyabulaleka yavuka ngonyezi.

---

## E Kaya.

Senze 193, sahlanganisa ama 5,995 emaile safika kusasa ngolwesi-Bini, 15 May, sebelapo kwakona o-Rev. J. Matshiqi, seleno Rev. Abner Mtimkulu, u-Bungane ongumqongqosholo, kwanomlungu u-Advocate Nixon, sebendipatele i-tikiti yololiwe wokuya kwa-Joseph Nyombolo, u-Nyauza omhle nowakwake u-Maradebe intombi ka-Mzimba wodumo lweculo lokuya e-Skotlani ndabunyatela kwa oko ububele bento zo-Fuku um-Cete endimtandayo, no-Gladstone Bokwe um-Jingqi wase kaya, nenzwana yenkosi yam u-S. E. Gaika i-Tshawe elihle naxa likuflatele, nento eninzi yabanye abantu engalizalisayo elipepa, kuba liyanditanda i-Kapa, aligungqi.

Ubusuku balomhla bada basangana iyimbàdu yohambo. Ngolwesi-Tatu ndicelwe inteto ngabelungu bombuto we-Toc H; ngolwesi-Ne yayingadluma yentlanganiso yolwamkelo kwa Ndabeni lokuba ndibalise ngoluhambelo lwase Galili, abantu behombe bazindyokotywane. Ngolwesi-Hlanu ndicelwe ndateta kubelungu be Cape Peninsula Joint Council ne Missionary Society e-Railway Institute Hall apo kuko i-Colour Bar yokuba ontsundu angabi nakungena ; kodwa ngalomhla yapela loncukucezo bavulelwa bonke kwakuvela into ezakuzuzwa kum-Afrika, ngabula Dr. Aggrey. Kwateta no-Rt. Rev. James Endicott wase Canada owayevela e-Jerusalem naye pofu ehle ngonxweme lwase Mpumalanga wadlula kwelama Putukezi nase Rautini sazakudibana apa, ekubeni sasihleli ndaweninye sivana kakulu kwi Ntaba yemi Nquma, simi kunye nakumfanekiso walo Komfa, iciko lendoda elatyabula kwaqauka izidwaba, U-Sihlalo kule yayingu xegodala u Sir James Rose-Innes umhlobo opambili womfi u Bawo, epahlwe ngu Rev. H. B. Coventry, B.A., B.D. (Lond) otandwa kunene ngabantsundu e-Kapa, nowaye likòlwane lam e-Dikeni ; andayilibala into yompunga omhle wama gwangqa ase-Kapa ukuhlala ngoxolo bexubene nabamnyama eholweni enye. Ukupuma apo siye

kwa Ndabeni saya kuzimasa ikonsati yetitshala ze-Cape African Teachers Association zilungiselela i-Komfa yase Kimberley, kuvumisa i-Old Stock u-Percy Walton Mama, i-Tshawe lakwa Cungwa, usapo lwake lutsholoza kamnandi, noluka Ntwana, ongeyo ntwana pofu ngesiqu. Kuse ngo-Mgqibelo 19 May ndiyingenisa emaxandekeni ase Simonstown inteto yohambo, kuko nama Juda nabe Bala, kwayola; ndavalelisa nge Cawa ngokushumayela e-Rabe kwa Rev. Petwell Matshikwe. Malanga yangumbuto we-Komiti yama lungiselelo am eyile:—Chairman, Rev. A. Mtimkulu; Vice-Chairman, Rev. C. Papu; Treasurer, J. Z. Fuku; Secretary, S. E. Gaika; members Mrs. M. Tshayi, Mrs. A. Komani, Mrs. L. Fongqo, Mrs. E. Fondini, Miss L. Kente, Miss M. Kay, Messrs. P. W. Mama, J. Nyombolo, S. Ntiya, W. Mgabadeli, H. Gcilishe, G. Bokwe, A. D. Sulelo, D. Nzuzo, J. Tomeli, J. Mafu, C. Nabe, batsho ngenteto ezibuhlungu. Uncedo lwale komiti idibene nomzi wase Simonstown kunye nezipo endazifunjatiswa esitubeni nasesitishini ekundulukeni lwaba zi £11 15s. 2d., ndiyishiya ngapandle imfidi yemipako eyapuma ku Mrs. Nyombolo, nekeki, neziqamo, nentlanzi, namacuba, nesigareti, zabantu ngabantu balo lonke i-Kapa

ne 2/6 zika Malangabi awayezitumela ku Nolwandle, nemali eyaposwa pakati kwama apile ngu Masholo seyibaleka itreni, ndayakufika e-Dikeni ndingazenzanga nto kuyapi ezonqumbi zokutya namacuba. Nangamso mawetu! Inja yomana ibuyela apo ike yacola itambo nokuba seyigxogwa ngamatye! Ningadinwa ngumna. Umntu lo ngumntu ngabanye abantu!

Endleleni salityaziswa kukwapuka kololiwe owaye pambi kwetu, lonto yenza ukuba sime imini nobusuku e-Cookhouse ezibeleni zo-Rev. J. A. Calata um-Kwayi onomkita, netitshala zake o-Lokwe nesi-bà setitshalakazi, ndagaleleka e-Dikeni ndihlangatyezwe ngu Professor Kerr owayendamkele ngencwadi nangengcingo kwase Kapa, ngoku wandiputuma ngemoto yake ngobubele obunga tetekiyo wayakundifaka ekaya eluvuyweni losapo lwam, u-Nolwandle selekohlwe nakuteta luvuyo nabantwana, kwanabo bonke abe Koleji nabase Lovedale nakwa Ntselamanzi nase Dikeni edolopini nase Qonce, ekute kungabanga ntsuku zatywala sapiwa umntwana oyinkwenkwe yetu yokuqala u-Tengo Max, osisipo nesikumbuzo sika Somandla ngoluhambo lwenkonzo. Incwadi zabantu ndifike ziyintaba, kufumbe nomsebenzi omninzi we-Koleji, pezu kwewonga elitsha

lokwenziwa umvavanyi (examiner) we B.A. kwi Bantu Studies yi University of South Africa,—into yokuqala leyo yokwenziwa zezozipatamandla kumntu omnyama,—waye umzi uzincwina indaba ngakunye, zenziwa kwa Ntselamanzi, nasedolopini e-Alice, nase Kimberley, nase Komani, nase Bethelsdorp, nase New Brighton, nase Korsten e-Bài, nase Ncwàzi, zisenziwa ngokwezicelo, esezininzi nezilalisileyo ukulinda ituba lomhambi lo.

Oko zavalwayo izikolo nge Krismesi epelileyo ndixambule ama 25,624 emayile ngenjongo yokupakamisa upondo lwe Afrika kwicala lentlalo, nemfundo, nokuhambisela pambili ubukumkani buka Tixo ebantwini bakowetu. Kuba ixesha esikulo libaswele kakulu abantu abacinga ngekamva letu, nababonisa ngezenzo zabo into emakwenziwe yona. Ilishwa elisambete njengengubo lelesipo sobuciko, ibe obobuciko ibobamazwi okuseyelisela ezantsi esihogweni, kuba eyona nto itandwayo ngamapike okwahlulahlula umzi, nalapo ubufanele ukuteta into enye pambi komlungu. Kuko nobuciko obungamisi nto, obupuma entlokweni ezele butywala, nasisimilo esilwa nobu Krestu, sabantu abagxeka ili-Zwi nabafundisi, pofu bona behleli emazaleni nasemabibini ehangu ngentlalo elihlazo, bengenayo nemizi, apo bangayiqeqeshela kona

i-Afrika yangomso. I-Afrika iyatshona buhlwempu, namatyala nobudenge. Besiyeku kangelisana ngezondawo-ke e-Jerusalem.

---

## Ama-Solotya.

E Jerusalem sifumene ukuti ixesha esikulo lelokuba kuzanywe imvuselelo yehlabati lonke, kufundwe, kufundiswe, bugxotwe ubumnyama nobudenge, kupandisiswe ukuba yintlalo-nina efunwa kuti ngu Yesu; kufundwe nangokuhambelana oku izimeko zoluntu, kubulawe iratshi logonyamelo, nencalulwano ngobuzwe. Oluhambo-ke lube yimfundo enobom kumhambi walo. Ngoku sesiqàula amasolotya elibali.

E London ndipaule izinto ezitile ezazingeko ngexesha lobufana bam. Endaweni yokuba umntu ehle okanye enyuke ngenkonxa kwi treni zapantsi komhlaba sekuko izitezi ezishukumayo (moving stairs) oti wakuma kuzo ubone sowusengelwa entla okanye ezantsi yileli equtywa ngumashini, izele yonke ngabantu. Ngangokuxinana kwemoto ezitrateni kufuneka utandaze xa ucanda indlela. Qonda xa ingozi zokunyatelwa kwabantu zibe li 1,056 ngo 1926 e London kodwa,

kanti kwi England ipela kufa isixenxe sabantu ngemini zingozi zoluhlobo.

E Jipete naseli-Zweni eli-Ncwèle ndifike li banzi ishishini labananisi bemali (money-changers) ati umrwebi atsale uswazi (commission) lwe 6d. ne 9d. epontini xa ekunika imali yelinye ilizwe.

Ngabo kanye abobantu bagxotwa yi Nkesi e Tempileni ngeziniya ukuze abùkuqe netafile zabo, ebatetisa ngokusuke bayenze umqolomba wezihange indlu ka Tixo. Funda ku Mateyu 21, i vesi 12. Ezizinto zitsho i Bible yayi ncwadi eyole ngapezu kwe Novel ngencasa. Bendiyivukela kwakusasa ndiyifunde imini yonke paya enqanaweni bade abantu babe azinqozanga kum.

Apa mandike ndipendule umbuzo osoloko ubuzwa wokuti kanene siko-na isihogo? Siluhlobo luni-na? Sindawu-nina? Impendulo yile: Ewe, siko. Liziko abaya kuposelwa kulo bonke abenzi bobubi ngomhla womgwebo. Kwatsho i Nkosi. Kangela ku Mateyu 5, ivesi 22, 29, 30; naku Luka 16, ivesi 23; Isi-Tyilelo 20, ivesi 13, 14; nakwezinye indawo ezininzi. Ukwenzela ukuba abantu basiqondisise isihogo sompefumlo, nentlungu eziyakuviwa nguwo wonke umpefumlo oposwe kona, i Nkosi yenza umzekeliso ngentlambo ye Hinome engezantsi kwe Jerusalem

apo umfulana we Kidrone udlula kona, indawo ekwakulahlelwa kuyo inkunkuma nezilo ezifileyo nabaxònywa, kubaselwa amagqange emililo ka Moloki, isitixo esasinomteto wokuba kujulelwe kwelo ziko inani elitile lentsana yonke iminyaka, zivute kunye nezidumbu zenyamakazi nabagwetyelwe ukufa. Lomlilo wawuvuta imini nobusuku, yaye impetu nayo ingayekanga ukutya isidumbu. Yi Gehenna leyo, izala lase Jerusalem. U Yesu wayebonisa uhlobo lwentlungu zompefumlo, esiti ziyelele kwezomzimba otshayo, eteta ngengozi eyakwehlela wonke umntu oteta kakubi nowenza isono kuba wojulelwa "esihogweni, emlilweni ongacimekiyo, apo kumpetu ingafiyo, nomlilo ungacinywayo," funda ku Marko 9, ivesi 43, 44. Lenyaniso isenjengoko yatetwayo ibonisa isohlwayo sabenzi benkohlakalo emgwebeni, ngomzekeliso womlilo owawuse Jerusalem kulo Hinome ndiyibonileyo nam ngamehlo. No Judasi wazixòmela kwakulondawo. Masidlule-ke. Ilwimi ezitetwa e Jerusalem ngama 29; abateta isi Hebere ngama 32,000; isi Arabic 22,000; isi Armenia 2,000; isi Yiddish 1,000; isi Ngesi 1,000; njalo-njalo. Eligama liti Ziyone liteta Um-Pakamo, kuba yayi lapo inqaba yesisixeko sincwèle. Ofuna amabali emfazwe zalapo wowabona kwezincwadi:

I. Kum. 14, ivesi 25; II. Kron. 12; II. Kum. 14, 13.

Xa ukwintaba yemi-Nquma kulula ukuyibona induli ye Ziyone, ne Cibi lase Siloam nelase Bethesda, ne Hinome, nendlu ka Kayafasi yesidlo sokugqibela se Nkosi, ne ndawo yokunikelwa kuka Yesu ngu Judasi, neyokuxònywa emnqamlezweni, neyo Vuko, neyo Nyuko neyokuhla ko Moya oyi ncwėle nge pentekosti. Ngamana angazuza uluto ama Afrika ngolulwazi.

Kodwa wanyanisa umntu owati i Afrika le izala izimanga. Nto-nje zimanga ezibuvuvu obungancedi bani ngapandle kokuba qubela entshabalalweni abantu. Nditsho ngalentsomi:—Kute ndise England endleleni yokusinga e Jerusalem ndingekayazi nam into endoyibona nendobuya nayo, kwavela kwi *Mvo* yomhla 13 March inqaku elibàlwe yi Namb' enemilozi ngomlahlekisi wesizwe u Wellington esiti ezilalini zangapandle undaba-mlonyeni ngowokuba "Inqanawa zama Melika sezifikile, abelungu bayangcangcazela, sezimi e Kapa, u Jabavu ukaulele zona, ute akugqiba nawo ama Melika wayalelwa ukuba ayekutabata ilitye e Jerusalem kwincwàba lika Yesu, aze akė amanzi e Jordane wona asisisukulo sokudala ingevane kubelungu. Ngoku usaye kubonana no Kumkani u

George amcebise ukuti makaputume amasiko ka Vitoliya engeka hlelwa yintlekele, kuba lento yale mpato ikoyo yenziwa ngabom ngama dlagusha. Isisukulo eso sotshizwa e Twatwa naku Ntaba ka Ndoda nase Gwadana, nase Toboshane, naku Nqobokazi e Ngqushwa ukujikwa kwentliziyo zama Mfengu ukuze angemki nomlungu ngale gemu" ! ! ! Lenteto ndiyiboniswe sendibuyile nje, yandicubula ngentsini. Ndiyishiya ingako. Elokupėtȧ manditi ndimbulela ngokunzulu u Somandla ote wandiweza amanzi anzongonzongo elwandle ezintlanu, nenqwitela zazo, wanditubelezisa kwizifo ezoyikekayo zengqakaqa necesika ne cholera; ndasinda kololiwe abanengozi base France nase Jipete nase Italy, wandiconga ezimotweni zase Jeriko, nezase Cairo, nezase London, wandenza intelezi kononggqayi abaxȯbe imipu namarele xa bebiza itikiti, "Votre billet et votre passport s' il vous plait"! nakwinyakanyaka yezizwe endingazaziyo e Trieste nase Alexandria nase Gaza.

Onendlebe zokuva makeve, atandane ne Bible yake, azilungelanise no Tixo engekafiki kumfula woroxozo, engekayiweli i Jordane yokugqibela yokupuma kompefumlo enyameni usinga kwi Jerusalem en-Tsha efanekiswe

nezulu, njengoko yabonwa ngu Yohane kwisi-Tyilelo 21, ivesi 2 neye 10.

"Mna Yohane ndingulowo ubezibona ezizinto, eziva; ndati ndakuva ndakubona ndawa ndaqubuda pambi kwenyawo zesitunywa sezulu esandibonisa ezizinto."—Isi-Tyilelo 22, ivesi 8.

Udumiso malubeko ku Yise, naku Nyana, naku Moya Oyi-Ncwèle. Amen.

